

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ama-6.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 ISICATSHULWA A

- 1.1.1 Umsebenzi wawuxatyisiwe kuba abantu babephila ngokuzenzela izinto ngokwabo.√ (1)
- 1.1.2 "Xa kuvuthiwe ukutya bekuvunwa ngezandla."√ (1)
- 1.1.3 Ukuhlikihla impahla emanzi ngezandla zozibini ukuze kusuke ubumdaka√/ ukucikica√/ ukucokisa√/ ukuhlambisisa√/ ukudibanisa izandla zozibini ucokisa impahla ihlambisiseke√/ ukuhlambisisa impahla ide icoceke√/ ukuqinisa izihlahla ehambisiseke√/ ukuhlamba impahla ngezandla ngamandla.√ (1)
- 1.1.4 ...ebisakwenziwa...√ (1)
- 1.1.5 Ngoomashini bokwenza iintlobo ngeentlobo zemisebenzi√/ ngoomashini bokwenza iindidi ngeendidi zemisebenzi√/ ngoomashini abenza lula imisebenzi yezandla√/ ngoomashini abenzelwe ukwenza imisebenzi eyahlukeneyo.√ (1)
- 1.1.6 Siyabuthandabuza ubuchule bethu√/ngokuba ngoku abantu bathembele koomashini ukuba benze yonke into√/siyaweya amandla ethu.√ (1)
- 1.1.7 Uhanjiswa phezu kwekhaphethi ubizele kuwo konke ukungcola okulapho.√√ (2)
- 1.1.8 (a) C√
(b) A√ (2 x 1) (2)
- 1.1.9 Ikhokelele ekuphelelweni yimisebenzi kwabantu ebebefudula besenza le misebenzi√√/ixesha liyongeka√√/yonyusa uqoqosho ngoba izinto zenziwa ngokukhawuleza, zibe ninzi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.10 Uthi ungena ube usiva ingxolo yomashini osetyenziswayo√√/ufika kusetyenziswa umashini√√/ufika kugquma umashini ungena nje√√/ lindlebe ziva izandi zoomashini√√/ ungena nje uva ukuduma koomashini.√√ (2)
- 1.1.11 Xa icofuwe irobhothi isebenza ngamandla amakhulu, ingaphumli iyeke yakucinywa√√/isebenza ingayeki de icinywe√√/isebenza okokoko ayiyeki ingacinywanga√√/ isebenza okomntu ophambeneyo xa ithe yacofwa.√√ (2)
[Nayiphi impendulo echanekileyo kwezi zingentla iya kwamkeleka.]

- 1.1.12 (a) Oomabonakude✓
(b) Imizi-mveliso✓ (2)
- 1.1.13 Bonga ixesha✓✓/bayawukhawulezisa umsebenzi kwaye ugqibeke ngexesha elifutshane✓✓/benza ukuba kungachithwa mali ngokuqasha abantu abaninzi, kuqashwe nokuba mnye lo uza kusebenzisa umashini.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo kwezi zingentla iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.14 Abaphathi bemizi-mveliso iyabanelisa into yokuba kusetyenziswe oomashini kuba akubikho lahleko ngokwemveliso, ngokwexesha nangokwengeniso.✓ (1)
- 1.1.15 Siba ngamavila✓✓/sithembela koomashini✓✓/siphela singazithembanga ukuba imisebenzi ethile sinakho ukuyenza ngamandla ethu, size sixhomekeke koomashini✓✓/ siyonqena.✓✓ (2)
- 1.1.16 Benza abantu babe ngamavila✓/bangenisa abantu ezindlekweni ezinkulu✓/bangenisa abantu ematyaleni.✓
[Nasiphi isibini esichanekileyo siya kwamkeleka.] (2)
- 1.2 1.2.1 Sisinxibo sakwantu✓/ngamaseyibhokhwe✓/ zizibheshu✓/ ngamanqashela✓/ sisinxibo sakwaXhosa✓/ sisinxibo sabantu abaNtsundu✓/ sisinxibo sakwaZulu.✓ (1)
- 1.2.2 Kulo mfanekiso kuyaxhentswa ngabantu abanxibe isinxibo sakwantu✓/ bayatyityimba✓/ bayasina✓/ bayadanisa✓/ benza umdaniso wesintu.✓ (1)
- 1.2.3 Yindawo elithafa, enengca ende✓✓/ kusendle✓✓/ emadlelweni✓✓/ kwanti✓✓/ indawo engenazakhiwo.✓✓ (2)
- 1.2.4 Ngumxholo wezenkcubeko✓/wezakwantu.✓
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku ngengongoma nganye.)
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10

Ukwabiwa kwamanqaku olwimi – amagama:

- ❖ 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- ❖ 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- ❖ 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

QAPHELA:

Nokuba isishwankathelo senziwe ngefomathi engeyiyo masihlolwe.

Ubalo lwamagama:

- Makungathatyathwa manqaku ukuba umvavanywa akalibekanga inani lamagama awasebenzisileyo okanye ubeke inani elingelilo.
- Ukuba inani lamagama elimiselweyo umvavanywa ugqithile kulo, funda kangangamagama ama-5 emva kwenani elimisiweyo uphele.
- Xa umlingwa ecaphule **izivakalisi ezipheleleyo** ngobunjalo bazo, unikwa amanqaku apheleleyo.

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akhronimi mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

IINGONGOMA EZISIXHENXE

ZENZE UBOMI OBUMNANDI OBUZALISWE LUVUYO

- Ukuziphilisa kamnandi emoyeni kuphucula impilo nentlalo yakho.
- Thatha izigqibo eziza kwenza ubomi bakho ubonwabele.
- Zizinto ezincinci ezikuzisela ulonwabo novuyo.
- Zamkele ungazithelekisi nabanye abantu, kukhule ukuzithemba.
- Xa ufuna impilo emnandi kufuneka uqale ngokonwabela ukuba nguwe.
- Zithande unjengoko unjalo, uzincome ngokuphumezileyo, wenze ngakumbi.
- Zikhuthaze wakuwa uzame ukulinga kwakhona ukwenza ngaphezulu.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

- 3.1 ...sisilogani.√ (1)
- 3.2 "Umdala, umncinci, yiza!!!" √ (1)
- 3.3 Kutsalwa umdla wabantu√√/kutsalwa abantu ukuba beze ngobuninzi ukuza kufunda kwesi sikolo√√/kuboniswa abantu ukuba bakho asele bephumelele kusov√√/kufunwa ukuba abantu banqwenele ukuza kufunda apha nabo.√√ (2)
- 3.4 Ukugxininisa√/ ukuqaqambisa uluvo√/ ukuqaqambisa√/ ukucacisa.√ (1)
- 3.5 Bubuxoki√. Kuhlululwa imali eqala kuma-R600.√ (2)
- 3.6 Ukucenga.√ (1)
- 3.7 Hayi,√ injongo yayo kukutsala abantu ukuze izokufumana imali.√

OKANYE

- Ewe, √ kuba ifuna bazi ngokubaluleka kwetekhnoloji. √ (2)
[10]

UMBUZO 4

- 4.1 Kulwimi lwesiNgesi√/ kulwimi lwesiLungu.√ (1)
- 4.2 ...izithembiso...√ (1)
- 4.3 ...ugxininiso.√ (1)
- 4.4 Ibonisa ukuba bonwabile√/banemincili√/bayavuya√/ banemihtlali√/ bachulumancile.√ (1)
- 4.5 ...umothuko√/ukothuka√/ukunyemba√/ ukumangala√/ ukungakholelwa.√ (1)
- 4.6 Lithetha ukuba ngutsotsi√/ukuba ngumgulukudu√/sisikrelemnqa√/nguguluva√/ ngungantweni√/ ngumaphuli-mthetho√/ ngumgewu√/ lisela√. (1)
- 4.7 Bubuxoki.√ Afuna ukubamba ooShoti kuba afuna ukunyuselwa emsebenzini.√ (2)
- 4.8 Kungokuba nawo afana nabo afuna ukuvotela iMDP ngenxa yezinto ancwase ukuzifumana.√/ iingcinga zawo zijikile zifana neziya zabaya bantu.√
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.9 NguThemba Siwela.√ (1)
[10]

UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Bona.√ (1)
- 5.1.2 ...intengiso.√ (1)
- 5.1.3 Umntu ongalumkanga angazibona engenayo nesenti.√ (1)
- 5.1.4 Abathengisi babiza abantu/uluntu/umntu ngokwenza izibhengezo.√ (1)
- 5.1.5 Ukuba noqoqosho√/ukuphatha imali ngendlela eyiyov√/ukungenzi nkcitho√/ukusebenzisa imali ngendlela efanelekileyo√/ ukulondoloza imali√/ ukugcina imali.√ (1)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]
- 5.1.6 Sibonisa ubuncinane ngokomyinge√/ubuncinane√/isinciphiso.√ (1)
- 5.1.7 Liphambi kwesibizo√/lisetyenziswe nesibizo.√ (1)
- 5.1.8 Sibonisa ukugxininisa.√ (1)
- 5.1.9 Sibonisa ukuba into yenza ukuba umntu enze into ethile√/ sibonisa ukuba yinto eyenzisayo.√ (1)
- 5.1.10 Sikuhlobo lokuqondisa.√ (1)
- 5.1.11 Igqolo√/igogotyav√/ igcisa. √ (1)
- 5.1.12 Lithetha ukuba abathengisi bajonge ukuba abathengi baze kuthenga ukuze bona bafumane imali.√√ (2)
- 5.1.13 Abantu mabonge imali bangenzi inkcitho√/mabonge imali abantu bangenzi inkcitho.√ (1)
- [14]
- 5.2 5.2.1 Ubhuti.√ (1)
- 5.2.2 Phakama!√√ (2)
- 5.2.3 Lisetyenziswe njengenjongosenzi√/liyinjongozenzi.√ (1)
- 5.2.4 Into ethile inakho ukwenzeka.√ (1)
- 5.2.5 Aba bantu bancumile kuba baphumelele.√ (1)
- [6]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2012

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(40)
2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A**OOMASHINI BASENZE SANGAMAVILA, SATHAMBA**

- 1 Kumaxesha angaphambili, abantu bebekukhuthalele ukwenza imisebenzi yabo ngezandla zabo. Umsebenzi ubuxatyiswe kakhulu kuba abantu bebephila ngokuzenzela izinto ngokwabo. Bekuvukwa ekuseni kubotshwe iinkabi kuyiwe kulinywa emasimini ngamakhuba. Ngexesha lokuhlakula ububona ngamagaba. Xa kuvuthiwe ukutya bekuvunwa ngezandla. Ukungcola empahleni emdaka bekususwa **ngokuxikixwa** ngezandla ngoomama neentombi emlanjeni, yanekwe, ithi yakoma yolulwe ngezo ayini zaseziko zimnyama thsu. Yakuxweba indlu phantsi ibisindwa ngobulongwe benkomo, ufike lowo usindayo emdaka. Mininzi neminye imisebenzi ebisakwenziwa ngezandla.
- 2 Eli xesha siphila kulo lelikandlela-lula. Umntu wolula nje isandla ehleli phantsi, acofe iqhosha, uqhubeke umsebenzi. Ukususela kwimisetyenzana elula ukuya kuma kuleyo inzima wofika kutswina okanye kugquma umashini. Ziya zivela ngokuvula iindidi zoomashini abalungiselelwe iintlobo ngeentlobo zemisebenzi. Liya likhula inani lemizi-mveliso apho kuthengiswa aba mashini. Amandla endalo okusebenza ingathi siyaweya ngangendlela esibalekela ngayo koomashini. Ubuchule bethu bemveli ekwenzeni izinto buyathandabuzeka kungokunje.
- 3 Masiqale emakhaya siqwalasele iindidi zoomashini eziqhelekileyo kule mihla. Ukho umashini othi emva kokuba ipolishi iqatyiwe phantsi, wona uyibhrashe ngeebhrashi zawo ezijikelezayo kutsho kumenyezele. Ukho umashini onamandla angummangaliso wokufunxa othi xa uhanjiswa phezu kwekhaphethi ubizele kuwo konke ukungcola okulapho.
- 4 Ukho umashini wokuhlamba impahla, uyipule ujike uyomise kwangokwawo. Kulo mashini ifakwa impahla emdaka isisambukwana esithile, kugalelwe isepha ethile engumgubo, kwandule kuvulelwe amanzi abaleka ngombhobho aye kungena kulo mashini. Izitya nazo azisahlanjwa ngezandla ngoku, apho umntu ebesima esinkini okanye phezu kwesitya esikhulu ufike ehlikihla ngefayidukhwe. Izitya ngoku zifakwa emashinini kuthiwe chatha isepha engamanzi kwandule kucofwe iqhosha. Uyahamba uze upule lo mashini.

- 5 Ingca xa inde kakhulu eyadini ibichetywa ngesikere okanye isikwe ngerhengqa. Ngoku kusetyenziswa umashini wokucheba oduduzayo osebenzisa ipetroli okanye umbane, ufike lowo uwuqhubayo ethe chu nje kuwo esenzela ukuba amane ewunqandanqanda xa uphuma ekhondweni. Emasimini kulinywa, kuhlakulwe kude kuvunwe ngetrektari. Amadoda kudala ayebetha ipeki xa kusimbiwa imisele kuza kufakwa imibhobho yamanzi, ngoku kumbiwa ngogandaganda wokugrumba. Wona uqhutywa yindoda enye ehleli esihlalweni sokuqhuba.
- 6 Xa utyelele imizi-mveliso ubuliswa sisandi sikamashini usangena emnyango. Kumazwe akude ngokwezenzululwazi anjengeJapani kusetyenziswa iirobhothi kwabo bhazabhaza bemizi-mveliso yeemoto. Apho ilayitwe khona irobhothi isebenza okwegeza incedwe kukuphinda icinywe. Ezikolweni kusetyenziswa izixhobo ezininzi zokufundisa ebezingekho ngaphambili. Kukho oomashini bomboniso-bhanya-bhanya ekuphuma isandi kubo esicacisa yonke into eboniswayo. Bakho oomashini bokubonisa izilayidi. Ukho umashini ekuthiwa yiprojekta osetyenziswa namaphecephece ekubhalwa kuwo. Oomabonakude kuyafundiswa ngabo, neekhompyutha ezingoomashini apha abakrelekrele, abakwazi ukugcina yonke into, nokwalatha iimposiso.
- 7 Baluncedo oomashini kuba bonga ixesha, bayawucokisa umsebenzi, basindisa izilwanyana ezifuyiweyo kumsebenzi onzima engeziba ziyawenza. Umashini umnye wenza umsebenzi wabantu abaninzi. Ukuxhomekeka kwabantu koomashini kwenza ukuba kuhlume iindawo abenziwa kuzo ngolo hlobo ke kuvuleleke izithuba zemisebenzi. Abaphathi bemizi-mveliso iyabanelisa into yokuba kusetyenziswe oomashini kuba akubikho lahleko ngokwemveliso, ngokwexesha nangokwengeniso.
- 8 Ingxaki kukuba basenze sangamavila kuba kusebenza bona endaweni yethu. Bakwasenza siwadele amandla ethu endalo. Kwakhona, aba mashini basingenisa ezindlekweni ezinkulu. Ubolile umntu phandl' apha lityala kuba ufuna ukuba nazo zonke iindidi ngeendidi zoomashini. Ngaphezulu, inkoliso yaba mashini basebenza ngombane, kunjalo nje bayawutya. Oomashini abaziikhompyutha baye besithi kratya ngobukrelekrele, loo nto ithetha ukuba umntu kwixa elizayo uya kuba esenza into ayixelelwa ngumashini ebonwa ngumashini ukuba yeyona imlungelweyo. Lithini icebo xa kulapho?
- [Icatshulwe kwincwadi *Amaxesha Empucuko Sisingise phi na?* M Yekela, yahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Yintoni eyayisenza ukuba umsebenzi uxatyiswe? (1)
- 1.1.2 Chonga isivakalisi esithetha ukuba zakulunga izinto ezilinyiweyo zazikhiwa ngezandla. (1)

1.1.3 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kumhlathi wokuqala. (1)

1.1.4 Vala isikhewu esishiyiweyo ngokufakela igama elichanekileyo kwesi sivakalisi silandelayo.

Mininzi neminye imisebenzi ... ngezandla. (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.5 Xela ukuba ngoomashini bokwenza ntoni aba baye bevela ngokuvela. (1)

1.1.6 Ukusetyenziswa koomashini kubuchaphazela njani ubuchule bemveli? (1)

Jonga kumhlathi 3

1.1.7 Chaza indlela osebenza ngayo umashini onamandla angummangaliso okufunxa. (2)

Jonga kumhlathi 4

1.1.8 Tshatisa inkcazo ekuKHOLAM-A nodidi lomashini okuKHOLAM-B. Bhala inombolo nesimboli emele impendulo kuphela.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	Kulo mashini kufakwa impahla emdaka kugalelwa isepha engumgubo kwandule kuvulelwe amanzi, uhlambe, upule, womise.	A	Umashini wokuhlamba izitya.
		B	Umashini onamandla okufunxa.
(b)	Kulo mashini kufakwa izitya, kuthiwe chatha isepha engamanzi kucofwe iqhosha, uhlambe, upule.	C	Umashini wokuhlamba iimpahla.

(2 x 1) (2)

Ungajongi kumhlathi

1.1.9 Ikhokelele kwintoni into yokwenziwa kwemisebenzi ngoomashini ibifudula isenziwa ngabantu? (2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.10 Cacisa okuthethwa leli binzana:

'... ubuliswa sisandi sikamashini ...' (2)

- 1.1.11 Tolika le ntetho:
'Apho ilayitwe khona irobhothi isebenza okwegeza incedwe kukuphinda icinywe.' (2)
- 1.1.12 Chonga amagama kwesi sicutshulwa athetha into enye nala alandelayo:
- (a) lithivi (1)
- (b) lifektri (1)
- Jonga kumhlathi 7
- 1.1.13 Oomashini banceda njani ekunqandeni ilahleko? (2)
- 1.1.14 Bonisa oku kulandelayo ngokuthi ucaphule kwisicutshulwa.
Abaphathi bemizi-mveliso abayifuni ilahleko. (1)
- Jonga kumhlathi 8
- 1.1.15 Ngqina uluvo oluthi oomashini basenze sawadela amandla ethu endalo? (2)
- 1.1.16 Khankanya iingxaki zibe mbini ezenziwa ngoomashini ebantwini. (2)

1.2 Jonga lo mfanekiso wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Ithathwe kwi-intanethi]

- 1.2.1 Xela isinxibo esinxitywe ngaba bantu? (1)
- 1.2.2 Chaza ukuba kwenzeka ntoni apha kulo mfanekiso? (1)
- 1.2.3 Yindawo enjani ekufotelwe kuyo lo mfanekiso? (2)
- 1.2.4 Ngowuphi umxholo oveliswa ngulo mfanekiso? (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, uze usishwankathele ngokweengongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabungadluli kumagama angama-60.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

ZENZELE UBOMI OBUMNANDI OBUZALISWE LUVUYO

Amaciko okuthetha athi, ubomi bakho buxhomekeke kwindlela ozibona ngayo izinto. Ukonwaba novuyo zizinto ezinqwenelwa nguye nabanina. Kubalulekile ukuba umntu aziphilise kamnandi ngokwasemoyeni ukuze aphile kamnandi entlalweni, impilo yakhe ibe ntle. Ukuhlala wonwabile, uvuya, kufuna wena uthathe isigqibo sokuzenzela ubomi obunovuyo.

Okokuqala, ukuhlala unovuyo wonwabile ke kuqala kwizinto ezincinane, kusuku ngalunye oluphilayo. Xa ufuna ukutshintsha iimeko ezingemnandanga kufuneka uthathe izigqibo. Ukuthatha isigqibo sokutshintsha indlela ozijonga ngayo izinto. Loo nto ithetha ukuthi kufuneka ulungise isimo sakho sengqondo. Ungaqala ngokumana uzibuka, uncoma inkangeleko yakho yangaphandle, ungazithelekisi nomnye umntu. Oko kwenza ukuba kukhule ukuzithemba kuwe ngaphakathi.

Okwesibini, ukuzithemba kwenza ukuba uyibone into nganye ekuwe ikufanele. Kwakubakho ukuzithemba, iingcinga zokuzidela nokuzithandabuza azibikho. Ngaphezulu, ixesha lokuqwalasela iziphene ezisesiqwini alibikho, koko uqwalasela iziphiwo zakho. Uyeke ukujonga iziphene, ujonge izinto omhle ngazo ngokwesimo. Loo nto ikwenza uzive wonwabile. Umoya ophakamileyo nentliziyo eyonwabileyo zidala uvuyo.

Kwakhona, kubalulekile ukuba umane uzincoma ngento nganye oyiphumezileyo. Oko akuthethi ukuba kufuneka ude ube uphumeze izinto ezinkulu. Kuthetha ukuba ngento encinci othe wayenza wayiphumeza, zincome. Loo nto ikukhuthazela ekoyiseni neminye imisebenzi obucinga ukuba inzima okanye akunakho ukuyenza. Kaloku, impumelelo, nokuba incinane kangakanani na, iza novuyo.

Ngaphezulu, kuluncedo kakhulu ukuthi xa uwe phantsi kwizinto ezithile, ungazigwebi koko uphinde ulinge, uzikhuthaza. Oko kwenza ingxaki okuyo ingakwenzi uphelelwe luvuyo olungaphakathi. Lilonke, ubumnandi nobubi bosuku lwakho, buxhomekeka kuwe. Le nto yenzeka kuphela xa sifungela ukulonwabela usuku nosuku esiluphilayo.

[Ithathwe kwi-intanethi, yahlelwa]

ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3**

Funda esi sibhengezo uze uphendule imibuzo elandelayo.

TBC Computer College**'lingcali kwizifundo zekhompyutha'**

Udinga ulwazi ngekhompyutha ukuze ufumane lula umsebenzi?



Yiza eTBC Computer College, ufumane uqeqesho kwiingcali zekhompyutha ezivunyiweyo kwilizwe lonke, ube nguchwephesha.

Umdala, umncinci, yiza!!! Ziluncedo ezi zifundo.

Funda **simahla** ngentlawulo ephantsi eqala kuma – R600.
Zifumanele iziqinisekiso eziza kukwenza ufunwe ndawo zonke. Tsalela umnxeba kule nombolo: 0860 324 109 ufumane iinkcukacha ezithe vetshe!

Nceda ungashiyeki!!!

[Ithathwe kwi-intanethi, yahlelwa]

3.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zibiyelweyo ngezantsi.

Eli binzana, 'lingcali kwizifundo zekhompyutha', (sisilogani/yilogo).

(1)

- 3.2 Chonga ibinzana elibonisa ukuba esi sibhengezo asikhethanga mntu ungakanani. (1)
- 3.3 Yintoni injongo yokusetyenziswa komfanekiso womntu othwele isidanga kwesi sibhengezo? (2)
- 3.4 Iimpawu zokhuzo eziphindaphindiweyo zisetyenziselwe ukubonisa ntoni? (1)
- 3.5 Yinyani okanye bubuxoki? Xhasa impendulo yakho.
Izifundo zekhompyutha eTBC Computer College zifundwa mahala, akubhatalwa mali. (2)
- 3.6 Isivakalisi, '**Nceda ungashiyeki!!!**', sisetyenziselwe ntoni? (1)
- 3.7 Injongo yeTBC College ngesi sibhengezo kukunceda abantu kuba ibakhathalele. Ewe/hayi, nika isizathu sempendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 4

Funda le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo

Majimbos

NGU: THEMBA SIWELA

RASTA SHOTI STIX CHISKOP

1 Njengoko nditshilo, xa ujoyina iMajimbos Democratic Party (MDP), uya kufumana...

2 IBona simahla! Iintombi ezintle simahla! Umnyobo wemoto! Kwaye nonke niya kufumana imisebenzi.

3 Sayijoyina iMDP ngokuhlulwula i-R10 nje kuphela ... uze wenze umahluko!

4 Uxolo sisi, wena kuza kufuneka urhole iR20 kuba nibabini.

5 Uyeva? Xa singabamba aba nqalintloko singanyuselwa emsebenzini!

Eish! Majita, Ngathi asizukuba nonyulo olukhulekileyo nolunge-namkhethe.

Uza kufumana iintombi! Nam ndiza kuvotela iMDP.

Yimani!!!

BERSHIP - HERE!

VOTE MDP

VOTE MDP

VOTE MDP

MAJIMBOS BASOLOKO BEKHONA ABANTU ABAFUNA UKUDUBA-DUBA UNYULO.

[Icatshulwe kwiBona ye-17 Agasti 2002, yahlalwa]

- 4.1 Igama, 'ujoyina' kwibhokisi yoku-1 libolekwe koluphi ulwimi? (1)
- 4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zibiyelweyo kwesi sivakalisi silandelayo.
Kwibhokisi yesibini uShoti wenza (imiyalelo/izithembiso) kubantu afuna bavotele umbutho weMDP. (1)
- 4.3 Kwibhokisi yesi-2 uphindaphindo lwegama, 'simahla' lubonisa ... (1)
- 4.4 Ibonisa ntoni inkangeleko yobuso yabantu abakwibhokisi yesi-2? (1)
- 4.5 Inkangeleko yobuso kusisi ongaphambili emgceni kwibhokisi yesi-3 ibonisa ntoni? (1)
- 4.6 Lithetha ukuthini igama, 'unqalintloko'? (1)
- 4.7 Yinyani okanye bubuxoki? Nika isizathu sempendulo yakho.
La mapolisa afuna ukubamba ooShoti kuba eneenjongo zokulwa urhwaphilizo. (2)
- 4.8 Chaza ukuba kutheni amapolisa kwibhokisi yesi-5 enziwe afana nabantu abemi emgceni kwibhokisi yesi-4 ngombala. (1)
- 4.9 Xela igama lomzobi wale khathuni. (1)
- [10]**

UMBUZO 5

- 5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

IZIBHENGEZO

Abathengisi babhala izibhengezo-ntengiso ukutsala abathengi. Izibhengezo-ntengiso zinendlela yokuqweqwedisa abantu ukuba bathenge. Zikwanayo nendlela ethile yokubacenga abantu. Xa ziqweqwedisa zisebenzisa indlela yokuxelela abathengi ukuba isisulu eso siyaphela kungekudala. Xa zicenga zisebenzisa inkqatho ngokuthi zenze umthengi azibone enento ayidingayo ebomini bakhe. Izibhengezo zithengisa abathengi ezo zinto zithengiswayo.


Umntu ongalumkanga angazibona engenayo nesenti. Akufuneki umntu awexuleke zizibhengezo. Umntu makathenge kuphela izinto azidingayo nezisisinyanzelo ukuba abe nazo. Kubalulekile ukuba noqoqosho. Evenkileni thenga kuphela izinto oze kuzithenga. Zibhale phantsi. Yonga kuqala imalana onayo. Akutshiwo ukuba umntu makabe **ngumntu ogcisayo noyivimbayo kakhulu imali**. Zona izibhengezo-ntengiso zinalo icala elihle kodwa ixesha elininzi zigxeleshe iipokotho ngaphezu kokunceda.

[Ithathwe kwi-intanethi, yahlelwa]

- 5.1.1 Bhala isimelabizo soqobo endaweni yesibizo esibhalwe ngqindilili, esingu-**abathengisi** kumgca wokuqala. (1)
- 5.1.2 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo:
Isibizo, **izibhengezo-ntengiso** sisibizo esimbaxa kuba senziwe ngamagama amabini, izibhengiso + ... (1)
- 5.1.3 Kwesi sivakalisi singezantsi, krwela umgca ngaphantsi kwegama elisisichazi.
Umntu ongalumkanga angazibona engenayo nesenti. (1)
- 5.1.4 Fakela isimaphambili esishiyiweyo ukuze eli gama libiyelweyo lifundeke kakuhle. Bhala isivakalisi sonke, ukrwelele isimaphambili osifakeleyo.
Abathengisi babiza (-ntu) ngokwenza izibhengezo. (1)
- 5.1.5 Isenzi, 'yonga' esisetyenziswe kwesi sicutshulwa siphuhlisa eyiphi intsingiselo? (1)
- 5.1.6 Isimamva u-ana kwesi sibizo, 'imalana' sibonisa ntoni? (1)
- 5.1.7 Chaza ukuba igama elikrwelelwe umgca kumhlathi wesi-2 lisetyenziswe njani. (1)
- 5.1.8 Isiphumlisi (ikoma) kwesi sivakalisi silandelayo sibonisa ntoni?
Ewe, sisibhengezo esi. (1)
- 5.1.9 Msebenzi mni owenziwe sisimamva sesenzi u-isa kwesi sivakalisi singezantsi?
Izibhengezo zithengisa abathengi izinto. (1)
- 5.1.10 Isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi sikoluphi uhlobo?
Isisulu eso siyaphela kungekudala. (1)
- 5.1.11 Nika igama elinye endaweni yebinzana elibhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-2. (1)
- 5.1.12 Eli binzana, 'Zigxeleshe iipokotho ngaphezu kokunceda' lithetha ukuthini? (2)
- 5.1.13 Yakha esi sivakalisi singezantsi ngokuchanekileyo ukuze sibe nentsingiselo evakalayo.
inkcitho mabonge bangenzi imali abantu. (1)

[14]

5.2 Jonga lo mfanekiso ulandelayo uze uphendule imibuzo.




[Ithathwe kwi-intanethi, yahlelwa]

- 5.2.1 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokufakela igama elisisichasi segama, elithi, 'usisi'.
... uthwele isidanga. (1)
- 5.2.2 Guqula esi sivakalisi ngokuthi usibhale sibe ngumyalelo.
Ndicela uphakame. (2)
- 5.2.3 Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi lisetyenziswe njani?
Aba bantu bathwele izidanga. (1)
- 5.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zibiyelweyo.
Eli phepha liyasongeka. (Into ethile inakho ukwenzeka/Into yenzelwa omnye umntu). (1)
- 5.2.5 Bhala ezi zivakalisi zilandelayo zibe sisivakali esinye ngokusebenzisa igama elikwizibiyeli.
Aba bantu bancumile. Aba bantu baphumelele. (kuba) (1)

[6]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-17.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- Ingxwelerha enguMpumelelo, ishiyeka igula isesesikolweni, inyangwe kwisibhedlele saseKapa.
- Impumelelo yakhe kwiMatriki eBlythswood, egqwesa kwizifundo zeMathematika nezoBugqi.
- Isikolashiphu sakhe sokufunda ezoBugqi eFort Hare nokubalasela kwezemidlalo nakwimidlalo yeqonga. Imfundo yakhe eWentworth, esenza izifundo zobuGqirha.
- Uhambo lokufunda phesheya kwiDyunivesithi yase-Edinburgh, ehambela i-Ireland, ephanda ngezobuGqirha.
- Ukubuyela ekhaya, uphuthunywa yinyambalala yabantu bamenzela itheko lokumankela.
- Ukwamkelwa kwakhe eLusikisiki ngethekokazi elizinyaswe zizinxiba-mxhaka zelo laseMaMpondweni.
- Indumasi yakhe kwezobugqirha, nokwanda kwenani labantu abafuna ukuncedwa.
- Isicelo sesibhedlele kurhulumente, nokuphindela phesheya ukuya kwandisa ulwazi lwakhe ngezigulo ezidibene nengqondo.
- Wongamela isibhedlele, uphilisa isigulane esasixakile saphila, watsho wayindumasi.
- Umenywa kwiindawo ngeendawo ukuba ancede abanye oogqirha, sanda nesibhedlele.
- Umpumelelo uvuselela ezemidlalo nomculo kwelo de aphele engqungelwa nakwezopolitiko.


OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

- | | | | |
|-----|-------|--|-----|
| 2.1 | 2.1.1 | NguMpumelelo.√ | (1) |
| | 2.1.2 | NoNozililo noMaMiya.√√ | (2) |
| | 2.1.3 | B UMamTolo ungumntu onovelwano√/ B√/uMamTolo ungumntu onovelwano.√ | (1) |
| | 2.1.4 | 'Akuphela kwento esinokulala sitye yona yobunkedama bakhe.'√ | (1) |
| | 2.1.5 | Basweleka ngengozi yemoto.√ | (1) |
| | 2.1.6 | Uthenge abantu ukuba baqhekeze evenkileni ngokungena entungo.√/uNozililo uthenge ootsotsi ukuba batshise ivenkile yakwaNtsibande.√ | (1) |


[Nayiphi na impendulo kwezi zingentla.] (1)



Am

PP

- 2.1.7 UMaMiya wayengumhlobo kaNozililo ongalunganga ngoba akamqandi uNozililo kwizinto ezingalunganga azenzayo uyamkhwezela. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 2.1.8 UThamsanqa noYolisa bebeza kuyijonga ivenkile yakwaNtsibande✓/uNozililo ebeza kuba nethemba lokuba ivenkile iza kuwela ngakuye✓/ilizwe belingazi kumfumana umntu ofana noMpumelelo. ✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (1)
- 2.1.9 Kungenxa yempindezelo yezizalwane zomnye wootsotsi owadutyulwayo wafa ngexesha kwakuza kutshiswa ivenkile yakwaNtsibande. ✓✓ (2)
- 2.1.10 Ivenkile ababencwase ukuyifumana njengelifa uNozililo noNtongana yathengwa nguLungile baza abakwazi ukuyifumana. ✓
✓/uthetha ukuba nguLungile owabangela bangayifumani le venkile. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 2.1.11 UNozililo uthuthele uNomakhwezi iindaba ezibangele ukuba axabane noLungile umyeni wakhe bade babe bayasweleka. ✓✓ (2)
- 2.1.12 Wayekhathazeka✓/wayeba nomsindo✓/wayengathandi✓ / wayengonwabi✓/wayenxunguphala. ✓ (1)
- 2.2 2.2.1 'Waba uyayishiya iBlythswood emva kokuba efumene amazwi amkhaphayo adibene namabhaso eencwadi. ✓ (1)
- 2.2.2 Waya eFort Hare. ✓ (1)
- 2.2.3 Imidlalo yaseqongeni✓/ umdlalo webhola ekhatywayo✓/ amanqindi. ✓
[Nayiphi impendulo kwezi zingentla.] (1)
- 2.2.4 Kungokuba amakhaya abo okuzalwa aseTranskei✓/kungokuba babesuka endaweni enye. ✓ (1)
- 2.2.5 Ngobukrelekrele✓/bethanda umculo✓/ bekwikwayala bobabini✓/ benza izifundo ezinye (ezoBugqi kwabalungiselela izifundo zobuGqirha). ✓
[Nayiphi impendulo kwezi zingentla.] (1)




Handwritten signature

Handwritten initials

- 2.2.6 (a) B uThamsanqa√ (1)
(b) A uLungile√ (1)
- 2.2.7 Yimpilo embi√/kukwenzakala aye kulala esibhedlele ixesha elide.√ (1)
- 2.2.8 Bayavana√√/basoloko bekunye√√/abohlukani.√√ (2)
- 2.2.9 Ungumntu oneentloni√/ungumntu ongandwebanga√/ungumntu ongakuthandiyo ukuthetha√/ungumntu owoyika amehlo.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 2.2.10 Baye batshata.√ (1)
- 2.2.11 Limfanele ngoba uye waphumelela ebomini nangona bekukho imiceli mngeni emininzi.√√ (2)
- 2.2.12 Ewe. Kwangelaa xesha ebeseukumabanga asezantsi ebezibalule kwizifundo zakhe, umculo nemidlalo, ukanti nasebudaleni bakhe uye wazibalula kwezi zinto. √√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 2.2.13 Wayenenkathalo√√/wayenothando√√ (2)

[35]

OKANYE



Handwritten signature

Handwritten mark

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- UJoe Bumba ngumnikazi *weRio Cinema*, indawo yokugqibela uEddie Maga noLulama Zuma abaya kuyo phambi kokuba basweleke.
- UHlobo undwendwela uJoe Bumba, afumane ubungqina obutsha obumnceda ekuphandeni.
- Inenekazi elinxibe idyasi efana nekaLinda awayeyinxibe ngobusuku ekwasweleka ngabo uEddie noLulama.
- UDick noJoe baya kwesi singa lalimise kuso inenekazi bafumana umzila wamavili, wacholachola okaHlobo kwincwadana yakhe yamanqaku.
- UJoe uveze ukuba uEddie uboleke umashini wakhe *weTape Recorder* esithi uza kuwusebenzisa kumcimbi obalulekileyo, wagqibela ngokuwuthenga.
- UHlobo ube nomdla kakhulu ingakumbi kule *Tape Recorder* wazimisela ukuba uza kuyikhangela de ayifumane apho ikhoyo.
- UHlobo uya kwaNdabazabantu ngeenjongo zokuphanda ngelifa likaEddie. Ufumanisa ukuba impahla kaEddie igcinwe *eAll Safe Bank* yaye kukho ne*Tape Recorder* kuloo mpahla.
- Le *Tape Recorder*, yaba luncedo kolu phando kuba yiyo eyaveza ababulali bakaEddie Maga noLulama Zuma abangamalungu *eMoonglow Club*.


[35]

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

- | | | | |
|-----|-------|--|-----|
| 4.1 | 4.1.1 | Kusebhayaskophu. ✓/eRio Cinema✓/Cinema. ✓ | |
| | 4.1.2 | Wahamba noLulama Zuma ✓/noLulama. ✓ | |
| | 4.1.3 | Ukungaphili kwam akusoze kumthintele ✓/kambe ayekho amayezana engqele abekwe ecaleni komandlalo wakhe wokulala. ✓ | |
| | | [Nayiphi impendulo kwezi zingentla.] | (1) |
| | 4.1.4 | Monti. ✓ | (1) |
| | 4.1.5 | ULinda wafana wazixolisa ngokubuka imifanekiso yabo bobabini ✓/ ULinda wazixolisa ngokubuka imifanekiso yakhe noEddie. ✓ | (1) |
| | 4.1.6 | ULinda wayedume ngokuba ngunobuhle waseMonti. ✓ | (1) |
| | 4.1.7 | Wambhalela ileta ✓/wamfowunela. ✓ | (1) |
| | 4.1.8 | Hayi, akazange abuye kuba wafumana ingozi yemoto wasweleka ✓✓/wadutyulwa wasweleka. ✓✓ | (2) |



- 4.1.9 Uyithanda kakhulu✓✓/uyixabise kakhulu.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.1.10 ULinda wayengumntu onokunganyaniseki✓✓/
onokungathembeki✓✓/ umntu ongagqibekiyo ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.1.11 Wayefuna uEddie ahlale naye✓/ wayefuna uEddie amcenge✓/
wayefuna amhoye✓/wayefuna angayi kwibhayaskophu ahlale
naye.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.1.12 Hayi. Asingawo onke amabhinqa anobuqhokolo✓✓/akukho
bungqina bokuba amabhinqa anobuqhokolo.✓✓

Okanye

- Ewe, amanye amabhinqa anabo ubuqhokolo. ✓✓ (2)
- 4.1.13 Ubuhlobo babo bebusebufana nobendoda nomfazi
abatshatileyo✓✓/ibonisa ukuba ebemthanda kakhulu uLinda,
emthembile.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.2 4.2.1 Yenziwe ngesikhumba✓/ngofele.✓ (1)
- 4.2.2 Wayefuna ukuqinisekisa ukuba akukho mntu umbukeleyo.✓ (1)
- 4.2.3 Kukuphambisa kancinci unyathela ngeenzwane kungavakali zingqi.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.2.4 Kwakukho ilaphu lokusula, amacici, izacholo, amaqhagana
aneendidi ngeendidi zokugcobha ubuso, izinto zokugcokotsha
umlomo, amashiyi neenzipho, umsesane wengeji, ivolovolo.✓✓
[Nayiphi isibini kwezi.] (2)
- 4.2.5 UHlobo wayezokuphanda ngokufa kukaEddie Maga noLulama
Zuma✓/wayezokubuzisa imibuzo kuLinda Monti malunga nokufa
kukaEddie noLulama.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.2.6 Wathatha ivolovolo eyayisengxoweni kaLinda, wabuyela
emnyango wayokunkqonkqoza, wathetha noLinda embuzisa
imibuzo.✓✓ (2)


- 4.2.7 UDuma Hlelo weva isikhalo sikaLinda endlwini wacinga ukuba ubethiwe nguHlobo.√√ (2)
- 4.2.8 Hayi, u-Eddie noLulama bafa kwingozi yemoto, uEddie edutyulwe entloko.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.2.9 Umfanekiso womntu othatha into ngokukhawuleza, ezimisele ukuthatha ixesha eyiphengulula kakuhle.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.2.10 UHlobo uthe akufumana le ngxowa wonwaba wabonakalisa ukungabi naxhala emana ehleka kancinci evuyela ukufumana izinto acinga ukuba ziza kuba luncedo kulo msebenzi wakhe.√√ (2)
- 4.2.11 Ewe, kuba wayesenza uphando ke efuna ubungqina obubambekayo√√/wayesazi ukuba uLinda usenokungavumi ukuba agqogqe ingxowa yakhe.√√

OKANYE

Hayi, kwakufanele afumane imvume kaLinda√√
wayesenokukhanyela uLinda ngelithi ezo zinto zifakwe nguHlobo kuloo ngxowa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35



Handwritten signature

Handwritten initials

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:


- Iinyosi nguNdila, uFuneka noZanele. Impukane nguMawonga.
- UMawonga uthathe unyawo ekunxileni oko ephelile ngumsebenzi.
- Usabambelele kuthando lwakhe noZanele engazi ukuba iliwa libhek'umoya.
- UMawonga uyabuqonda ubuqhinga nobuqhophololo abenzelwe nguFuneka noZanele.
- Iintetho zikaNdila ezikrwempayo zibonisa ukukuvuyela ukuphalala kukaMawonga.
- UZanele uxhasa abahlobo bakhe, ulibele ngezinye ebekade ezenzelwa nguMawonga, umfanisa nenja eba amaqanda ngokuyebeyebeza.
- UMawonga uyambonisa uZanele ukuba uyaluqonda uthando lwabo ukuba ibingelo thando lokwenyani ibilukhokho lobutshijolo notshaba.
- UFuneka akabufuni ubudlelwane bukaMawonga noZanele kuba uwugqibile umsebenzi wokumwisa.
- UFuneka ukhala ngentaka endala esafuna umfunzelo xa ebhekisa kuMawonga.
- Kucacile naye uZanele akanamqolo, kuba ebenyanisile xa esithi akafuni ukulahla imbo yakhe ngophoyiyana.
- UFuneka umxelela ukuba kubhetele uphoyiyana xa imbo inyanyeka, yena ufuna iintaka ezizalelayo apho kwakhe.
- UZanele usetyenziswe ngempumelelo nguFuneka noNdila ngokubabambela uMawonga.
- Ugxothwa okomshologu xa eze kufuna uZanele kwaFuneka.
- UNdila ubulela uZanele noFuneka ngokumbambela uMawonga.
- UMawonga uqinisekisa uZanele ukuba ubuhle abudibani nobubi, yiyo le nto athi iinyosi azinabudlelwane neempukane.
- UMawonga uqonda ukuba akangeni ndawo ebomini bukaZanele nabahlobo bakhe.
- Impendulo kaNdila xa ethi uMawonga, 'Indoda ayikhwazi ingekaphumi ehlathini', aze yena athi, 'Akasekho nasenyeleni uthe ngcu ngaphandle' imenza azibone enziwe isibhanxa.
- Uphuma ethetha ukuba ithambo lenyoka lihlaba elimzondayo

OKANYE


UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

- | | | | |
|-----|-------|---|-----|
| 6.1 | 6.1.1 | Libonisa ukuba uyavuya✓/ wonwabile✓/ uchwayitile✓ | (1) |
| | 6.1.2 | B Ukuziqalela inkathazo✓/ B✓/ ukuziqalela inkathazo.✓ | (1) |
| | 6.1.3 | NguMawonga Loni✓/nguLoni✓/nguMawonga✓ | (1) |



- 6.1.4 Uthi uFuneka oonomgcana ngabona balungileyo kuba sebeqhele ukubotshelelwa esisingeni.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (1)
- 6.1.5 Bathetha besendlwini kaFuneka√/ bekwaFuneka eN.U.3.√ (1)
- 6.1.6 Uyinqununu yesikolo saseNobutho√/ uyinqununu√/uyititshala.√ (1)
- 6.1.7 '... nophoyiyana uyaqhuqhwabe nguchwenene.'√ (1)
- 6.1.8 Ewe, uZanele uyacinga phambi kokwenza kuba naku esithi walamile kodwa uxakwa yinto yokuba lo mntu unomfazi kwaye akafuni asele utywala√√/ Ewe, uZanele uyacinga phambi kokwenza ingxaki yokuba uMawonga utshatile uyayibona kodwa into ayifunayo yimali.√√ (2)
- 6.1.9 La mazwi anobunyani kuba uFuneka naye uthandana noNdila oselayo omenzela yonke into njengokumthengela impahla yendlu.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 6.1.10 Ibonisa ukuba uFuneka asingomhlobo wenene kuZanele√√/asingomhlobo unyanisekileyo kuZanele√√/uFuneka ungumhlobo ongakweyelisela ungaqondanga.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.1.11 Uveza ukuba uFuneka mdala kunoZanele√√/ bavana kakhulu.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.1.12 UZanele ungumntu ongafuni mntu uselayo nonomfazi√√/akambangakwaphela√√/unovelwano.√√ (2)
- 6.1.13 Kukumkhuthaza ukuba makangatyhafi azame konke anakho ukufumana uMawonga ukuze icebo labo liphumelele.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.2 6.2.1 Kukunxila ingakumbi ngexesha lomsebenzi√/kukusela kakhulu ngexesha lomsebenzi√/kukusela ngexesha lesikolo√/kukuthuma abantwana utywala ngexesha lesikolo.√ (1)
- 6.2.2 NguMadala√/ nguGeorge Madala.√ (1)



ffu

10


NSC – Imemorandum

- 6.2.3 Wayencwase ukuba uFuneka amcebise✓/wayesazi ukuba uFuneka akasoze angabi nalo icebo kule meko yakhe✓/wayefuna uFuneka amsizele kuze kube lula ukwenza iyelenqe lokubhukuqa uMawonga✓/babethandana.✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 6.2.4 Kungokuba uNdila wayetshatile✓/ wayenomfazi. ✓ (1)
- 6.2.5 (a) D✓/ Madala✓/D Madala✓ (1)
- (b) B✓/ Zanele✓/B Zanele✓ (1)
- 6.2.6 UNdila makangabe emise ngayo into yokuphelelwa kwakhe ngumsebenzi.✓✓/uthetha ukuthi makangayithwaleli phezulu into yokuphelelwa kwakhe ngumsebenzi✓✓/ makangabe ethetha ngayo le nto yokuphelelwa kwakhe ngumsebenzi.✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.2.7 Yinyani, uFuneka uthi ukuba uNdila uze kufuna imali utsho ebhatyini.✓✓ (2)
- 6.2.8 La mazwi athetha ukuthi le mpahla amthengele yona ikule ndlu kufike ixesha lokuba afumane imbuyekezo ngayo okanye naye amncede✓✓/athetha ukuba njengoko uNdila naye wayemthengele impahla yendlu uFuneka naye makamncede. ✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- Ibonisa ukuba bayathandana kwaye banesivumelwano sokuphathisana ngale ngxaki kaNdila✓/ bayathandana.✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 6.2.10 UFuneka wenza ukuba icebo lokuwisa uMawonga libe nempumelelo ukuze uNdila azuze impindezelo✓✓/uFuneka wasebenzisa uZanele ukuwisa uMawonga ngothando notywala ukuze aphelelwe ngumsebenzi uNdila aphindezeleke.✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.2.11 UFuneka umkhuthaze kwakuko uZanele ukuba athandane nomntu otshatileyo, osela utywala ngeenjongo zokufumana imali kuba naye uthandana noNdila otshatileyo osela utywala✓/uFuneka uthandana nomntu otshatileyo kwaye oselayo.✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

[35]

AMANQAKU ECANDELO B:

35



ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

Kanti andizenzanga

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- UMntuyedwa ukhuliswa ngunina akanatata.
- Ukhule ethanda imisebenzi yasendlwini yabantu ababhinqileyo.
- Ukhula izinto ezintama ubukhwenkwe enkwenkweni zinqongophele kuye engathi uyintombazana, encokola nabasetyhini.
- Ngenxa yoku, iintanga zakhe zimtyhilizele kude kuzo zimbiza ngobafazini.
- Amakhwenkwe elali ambizela imbizo emngxolisela ukungahambi zindibano zawo.
- Akamniki thuba lokuzithethelela koko asuke athembise ngokumbetha ukuba akayeki kuzibandakanya namantombazana.
- UMntuyedwa ugxothwa esikolweni, ngenxa yokuba enemikhwa yamantombazana eyinkwenkwe, nto leyo imhlutha ilungelo lakhe lokufunda.
- Amadoda elali ambizela imbizo kukhalinyelwa isimo sakhe sokuluka iinwele, aqabe umlomo bomvu, anxibe namacici.
- Uthi nangona ezixela ukuba yena angakhetha ukuba kwicala lamabhinqa, anyanzelise ukuba ahlukane nezimbo zobubhinqa.
- Izimvo zakhe azisiwa so, koko amadoda elali athatha isigqibo sokumgxotha kuloo lali, sigqibo eso sithathwa engekho.
- Ilungelo lokuhlala apho athanda khona liyanyhashwa.
- Umama wakhe umnyanzele ukuba ahambe nokuba uye phina ukubaleka ukuba angabulawa.
- Uyemka aye kuhlala eMnyameni, nalapho agxothwe ngabahlali, kuba besithi akayiyo le nto athi uyiyo.
- Lilonke abantu baseSikhobeni nabaseMnyameni banyhashe amalungelo akhe; elokuzikhethela, elokufunda nelokuzithethelela ngokumcalula.

[35]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)


NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

- 8.1 8.1.1 NguFanabekho. ✓ (1)
- 8.1.2 Unyana wayenxibe impahla edlakadlaka, uMaKheswa yena enxibe kakuhle✓/ kungenxa yokuba inkangeleko yonyana ibiyeyomntu owolusa iinkomo, nalapho engahlawulwa kakuhle✓/ bubumdaka bukaFanabekho. ✓ (1)
- 8.1.3 Babesiya eMithatha, uMaKheswa eyokuthengela unyana lo wakhe iimpahla✓✓/uMaKheswa eyokuthengela unyana lo wakhe impahla, achetywe neenwele. ✓✓ (2)


- 8.1.4 '...ubeyimpula kalujaca'. ✓ (1)
- 8.1.5 Uyibonakalise ngokungavumelani nomama wakhe xa afuna iinwele zakhe zichetywe zonke. ✓✓ (2)
- 8.1.6 Ukuzilela utata wakhe oswelekileyo ✓✓ kuba kwakusweleke utata wakhe. ✓ (1)
- 8.1.7 Le ntetho ithetha ukuchetywa okanye ukususwa kweenwele ezinkulu, ezinde, ezixineneyo, ezidlakadlaka nezoyikekayo. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.8 Ungumama onengqeqesho, kuba umamkele unyana wakhe akubuya emva kokutshipha iminyaka uye wamxelela imisebenzi yekhaya emele ukwenziwa ngumntwana oyindodana ✓✓/ebengakhuthazi into yokuba uFanabekho abe ngumntu nje ongenzi nto. ✓✓

OKANYE

- Ayingomama onengqeqesho kuba wamyeka umntwana wakhe wayeka isikolo. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.9 Bendiya kuzama ukuzimisela ukwenza imisebenzi yekhaya ndizibandakanye nakwimisebenzi yenkqubela yasekuhlaleni ✓✓/ bendiya kucela uxolo kumama ngokuhamba ixesha elide ndizimisele ukwenza imisebenzi yekhaya. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.10 Hayi, akazange afune ukukhathalela impahla yakowabo, akazibandakanya nazo zonke izinto zekhaya ✓✓/ube luxanduva kuMaKheswa emondla, emnxibisa emnika nemali. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.11 Abazali abalungileyo bayakwazi ukuzala umntwana ongazimiselanga ntweni ✓✓/uthando lomzali ✓✓/umzali uyamthanda umntwana nokuba uyintoni na ✓✓/ umthathi uyawuzala umlotha ✓✓/ ukungakhathali kukuphosanisa nezinto ezibalulekileyo ebomini ✓✓/ukuzenza akufani nokwenziwa ✓✓/ikamva lakho lixhomekeke ezandleni zakho. ✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)



- 8.2 8.2.1 Umhlolokazi.√ (1)
- 8.2.2 UFanabekho akaphulaphulanga nanye kwizinto azixelelwe ngunina.√ (1)
- 8.2.3 B Akukho nto ebeluncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe, nakwisiqum sakhe.√ (1)
- 8.2.4 Wayebaleka ukubulawa ngabantu belokishi yakwaNobuhle ngenxa yobusela.√ (1)
- 8.2.5 Wathi ebeyingcibi kwaze kwasweleka amakhwenkwe ebewolusile, baze abahlali banomsindo bafuna ukumhlaselela.√ (1)
- 8.2.6 Likwilali yaseDangwana.√ (1)
- 8.2.7 17 leminyaka.√ (1)
- 8.2.8 Uzibona njengomntu ongenamntwana akaloncedo ekhaya ufana nongekhoyo.√√ (1)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.2.9 Wayezenza bhetele ngathi ngumntu ophucukileyo ofunda amaphepha√/wayefuna abantu bacinge ukuba uyaphangela.√ (1)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 8.2.10 Wayethi akubuzwa umsebenzi wakhe athi uyipharmacist√√/weva kabuhlungu xa wayexelelwa ngunina ngeentanga zakhe eziphumeleleyo.√√ (2)
- 8.2.11 Ewe mdala, wasishiya isikolo esikumabanga aphantsi√√/ wayeshiywe lixesha.√√



OKANYE

Hayi, imfundo ayigugelwa, nokuba umdala kangakanani ungafunda xa ufuna.√√ (2)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

8.2.12 Adandalazisa ukuba ubudlelwane babo buyahexa, buhesheheshe, abubuhlanga.√√ (2)

8.2.13 UFanabekho akasifuni isikolo unina efuna ukumfundisa√√/uFanabekho akanankqubela ngeli xesha unina ezibandakanye nezinto zenkqubela ekuhlaleni√√/ulisela, unina akazange weba ebezisebenzela.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35


ICANDELO D: ISIHOBE – VUKANI MADODA KUSILE

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 9.1 Isingqisho.√ (1)
- 9.2 Usixelele.√ (1)
- 9.3 Isingqi.√ (1)
- 9.4 B Izilwanyana zonwabela ubuhle beentyatyambo obudlamkisayo√/B√/
Izilwanyana zonwabela ubuhle beentyatyambo obudlamkisayo.√ (1)
- 9.5 Abazingeli babuka ubuhle beentyatyambo.√ (1)
- 9.6 Kant'umthinjana ukwenz'ihombo.√ (1)
- 9.7 Lulutsha olungamantombazana√/ngamantombazana.√ (1)
- 9.8 Abantu abaninzi√√/inyambalala yabantu√√/inkitha yabantu.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 9.9 Iintyatyambo zininzi ziziintlobo ngeentlobo, umthinjana uzihombisa ngazo,
ubuhle nevumba lazo ziyathandwa sisizwe.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 9.10 Sisimntwiso.√ (1)
- 9.11 Ubomi abunakuze bube mnandi xa zinokungabikho iintyatyambo kuba
ziyonwabisa kwaye ziyaphilisa emphefumleni.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 9.12 Ezigadini kulapho zixhaphake khona iintyatyambo kuba kulapho zifunyanwa
khona ngobuninzi.√√ (2)
- 9.13 Abantu mabazixabise iintyatyambo kuba bangafunda lukhulu kuzo.
Ziyonwabisa, zondla nabalambileyo.√√ (1½)
[17½]

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)


- 10.1 Lunxusaniso.√ (1)
- 10.2 Zidweshwa.√ (1)
- 10.3 Yintaba kaNdoda.√ (1)




- 10.4 Ngamahlathi akwaHoho.√ (1)
- 10.5 'Inge ithozamel'ukuthandazel'imvula.'√ (1)
- 10.6 Zimzukisela ukudala le ntaba.√ (1)
- 10.7 Sisimntwiso.√ (1)
- 10.8 Ziyabulela ngobukho bale ntaba√√/zibulela ngokungazenzisiyo ngokubabalwa ngale ntaba nobume bayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 10.9 Imbongi inamatshamba ichukumisekile√/iyaphuphuma zizinto efuna ukuzithetha.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 10.10 Bafikela kule ntaba baphumla besuka kwilizwe likaKumkani uPhalo.√√ (2)
- 10.11 Ngumntu ozingcayo ngobuzwe bakhe√√/ngumntu oxabise imvelaphi nembali yakhe√√/imbongi ithanda indalo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 10.12 Ndiyangqinelana, imbali yobukhosi bakwaXhosa isukela phaya kuba ukumkani uRharhabe neqela lakhe yindawo yokuqala awafikela kuyo√√/le ntaba inemvelaphi yamaRharhabe.√√ (2)
- 10.13 Kubalulekile ukuba bazi ngembali yabo√√/iqulethe imbali yabo√√/inemfundiso ebantwini malunga nemvelaphi yabo.√√ (1½)
[17½]

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 11.1 YiSonethi.√ (1)
- 11.2 Lithe cwaka alivakalelwa.√ (1)
- 11.3 ...alenzi ngxolo.√ (1)
- 11.4 ...esithand'ukudla amacwaka.√ (1)
- 11.5 Alikhathalelanga nto√√/alikhathazekanga√√/lithule.√√ (2)
- 11.6 'Nditsho ukuba naku lindanda ngodlamko'.√ (1)
- 11.7 Lithetha ukukhangelisisa√√/ukufuna into√√/ukubhekabheka.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)



- 11.8 Kungokuba likhangela ukutya✓/lifuna into etyiwayo.✓ (1)
- 11.9 Obu bumbejembeje beli bhabhathane benza imbongi izive yanelisekile✓✓/benza imbongi izive ithe ngco✓✓/bufike bongama embilinini wembongi✓✓/imbongi iziva yonganyelwe bobu bunewunewu nobu bumbejembeje bebhathathane.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 11.10 Imigca yokuqala yesibhozo yi-okthevu, emithandathu yokugqibela yisesthethi.✓✓ (2)
- 11.11 Isizobebe ngokucace gca indlela elihle ngayo neliphila ngayo ibhabhathane kunye nendlela evakalelwa ngayo imbongi.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 11.12 Livuselela umzwa wokubona.✓✓ (1½)
[17½]



UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 12.1 Ubomi lidabi elinzima.✓ (1)
- 12.2 Umzwa wokubona✓/ wokuva. ✓ (1)
- 12.3 Qina isibindi ukuze uphumelele✓/qul'uphethel'imini nobusuku bayo.✓ (2)
- 12.4 Bangqengqe elungqamekweni✓/bagxampuze emgxobhozweni.✓
[Nayiphi enye] (1)
- 12.5 Xa ufuna into ngenyaniso nangenyameko awulali, kufuneka uvuke uyikhangele ukuze ufumane iziqhamo ezihle.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 12.6 Aphazamise abaqhubekakayo✓✓/atyhafise abazamayo.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 12.7 Ngumfanekiso-ntekelelo weliso✓/ngoweliso.✓ (1)
- 12.8 Qhubela phambili✓✓/ bheka phambili✓✓/ sukuma ndawonye yiya phambili.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 12.9 Ngalo mqolo imbongi iphuhlisa ngakumbi ukuba ubomi ngumzamo✓✓/ubomi bunzima bufuna umntu owomeleleyo onyamezelayo, obheka phambili ongajongi emva.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

12.10 Ubomi ngamahlandinyuka, abululanga bufuna umntu ozaziyo ukuba amandla akhe avela kuMdali wakhe, othandazayo uyaphumelela. ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)

12.11 Ngumbongo-nkcazo✓/ngumbongo ochazayo✓kuba imbongi ichaza iindlela zokuphumelela ebomini✓/ichaza izinto umntu aza kuhlngana nazo ebomini neendlela anokuzihlangabeza ngazo. ✓


[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(1½)

[17½]


AMANQAKU ECANDELO D: 35

AMANQAKU EWONKE: 70



the

an



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)


IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2012

IRUBRIKHI

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Le rubrikhi inamaphepha ama-3

H.M. MATSHINGANA
DBE / M
20/11/2012
[Signature]

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

APPROVED
P.R. MASHUDE
EXTERNAL MODERATOR
[Signature]
Tyhila iphepha
20/11/2012

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO - IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI

Gaphela umahluko kumanqaku anikwa umxholo xa kuthelekiswa nalawo esakhiwo nolwimi.

ULWABIWO LWEEKHOWUDI NAMANQAKU	UMXHOLO [25]	ULWABIWO LWAMANQAK U	ISAKHIWO NOLWIMI [10]
Ikhowudi 7 80 - 100%	<p>Ukuchazwa kweshloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo.</p> <ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko - Iphicothwe ngokugqwesileyo. - Isincoko siphuhle. (90+ ukugqwesa kwesincoko). - Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. - Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi. 	<p>Kugqwesile 8 - 10 amanqaku</p>	<p>Isakhiwo, sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala.</p> <ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sakhiwe ngokuthungelananayo. - Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. - Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile.
Ikhowudi 6 70 - 79%	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko - Iphicothwe ngokwanelisayo. - Isincoko sicacile. - Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo nezixhaswe kakuhle kwitekisi. - Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka kakhulu 	<p>Kuphakamile 7 - 7½ amanqaku</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sakhiwe kakuhle. - Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. - Izimvo neengcinga zilandeleva tula. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. - Isinikezelo sihle.
Ikhowudi 5 60 - 69%	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. - Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. - Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo, kodwa azixhaswanga ngenlelela egqibeleleyo. - Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka. 	<p>Kuphakathi 6 - 6½ amanqaku</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. - Intshayelelo, isiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. - Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.
Ikhowudi 4 50 - 59%	<ul style="list-style-type: none"> - Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleleyo. - Amanye amanqaku akhe axhasa isihloko ngokwanelisayo. - Ezinye izimvo ziyaxhasa nangona ubungqina buthanda ukugananelisi ncam. - Ulwazi lwejenri netekisi lukwizinga eliphantsi. 	<p>Kuyanelisa 5 - 5½ amanqaku</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Bukho ubungqina besakhiwo obubonakalayo. - Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelanayo nangokunamathelananayo. - Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. - Imihlathi ithande ukuchaneka.
Ikhowudi 3 40 - 49%	<ul style="list-style-type: none"> - Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. - Ingqiqo nokuqondwa kweshloko kuvezwe kancinci kakhulu. - Izimvo aziphuhlisa kwaye zixhaswa kancinci ngoko kukwitekisi. - Umfundi akakayilandeli ncam le jenri netekisi. - Akasilandeli tu isihloko. 	<p>Kuzamekile 4 - 4½ amanqaku</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Uyilo kunyefokanye isakhiwo zixazalala. - Izimvo azibhalwanga ngokulandelanayo. - Imihlathi ixazalala. - Kukho ubungqina beziphene zolwimi. - Ithoni nesimbo zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo.
Ikhowudi 2		<p>Kunzinyana</p>	<p>Ukulandelana kakuhle kwezimvo kuchatsazelwa lubhalo</p>

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

2012 -11- 20


PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001

PUBLIC EXAMINATIONS

[Handwritten signature]

[Handwritten mark]

30 – 39%	7½ - 9½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sibonakalisa ukuphinda-phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. - Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa ngetekisi. - Akanalo tu ulwazi lwale tekisi nejenri. 	3 - 3½ amanqaku	<p>oluxazalala nesakhiwo esingacwangciswanga kakuhle.</p> <ul style="list-style-type: none"> - Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo tu.
Ikhwudi 1 0 – 29%	Kunzima 0 – 7 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sifuna ukungqinelana nesihoko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zifenzile. - Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa ngetekisi. - Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri. 	Kunzima 0 - 2½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Kunzima ukubona ukuba isihoko siphuhlisiwe. - Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. - Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. - Ulwimi lufe amanqo. - Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni.



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Fyathiziphepha.

Ar

pp



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2012

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-25.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde eli phepha ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiququlatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)
4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo omNYE okhethwe nakwawaphi amacandelo amaBINI. Sebenzisa uluhlu lokukhangela ukukunceda.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

IPHEPHA LESIQLATHO

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omde	35	5
OKANYE			
2. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	35	5
OKANYE			
3. <i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omde	35	8
OKANYE			
4. <i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	35	8
ICANDELO B: IDRAMA			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
5. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omde	35	12
OKANYE			
6. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	35	12
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
7. <i>Ndakuyicel'ivuthiwe</i>	Umbuzo omde	35	16
OKANYE			
8. <i>Ndakuyicel'ivuthiwe</i>	Umbuzo omfutshane	35	16
ICANDELO D: ISIHOBE			
Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo.			
9. <i>Intyatyambo</i>	Umbuzo omfutshane	17½	19
OKANYE			
10. <i>Intaba kaNdoda</i>	Umbuzo omfutshane	17½	21
OKANYE			
11. <i>Ibhabhathane</i>	Umbuzo omfutshane	17½	22
OKANYE			
12. <i>Funzela enzulwini</i>	Umbuzo omfutshane	17½	23

ULUHLU LOKUKHANGELA

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	1–4	1	
B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	5–6	1	
C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7–8	1	
D: Isihobe	9–12	2	

QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi iCandelo kula, A, B noC.
Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCandelo D.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

'UNtsibande, mzi wasemaZizini nasemaJwarheni akafanga. Mna ndithi esi sisikhumbuzo sokuba le ntlantsi ishiyekileyo iqhuqhumbayo isahlalelwe kukuba ibe sisibane kwixa elizayo'. Ngqina ubunyani bala mazwi. (190–240 amagama)

[35]**OKANYE****UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Azi ukuba laa mntwana unguMpumelelo uza kuba yintoni na xa kunamhlanje,' wabuya waphinda uMamTolo.

'Hayi wethu uza kubuya aqhele afane nabanye abantwana. ... Akuphela kwento esinokulala sitye yona yobunkedama bakhe' ...

'Bethuna masingene emxholweni siyeke ukuchitha ixesha ngeento esezadlula esingenakuzinceda. Nokuba singakhala imini nobusuku bayo sililela uLungile noNomakhwezi soze ezo nyembezi zibavuse,' utshilo uNozililo.

'Enyanisweni mhlawumbi eli lithamsanqa ngakuwe Nozi mayela nale venkile yakho,' kwatsho uMamTolo.

'Tyhini akuboni ukuba uMdali ukuphendulele? Lo mqobo ubusoloko ukuthe nkxi emagxeni usukile. Nevenkile iyabuya ngoku kuba ayinamntu.'

'Esekho nje uThamsanqa nalaa jingxa wentombi enamajingxeba ithengisela phaya akukabikho nto iza kulunga.'

'Hi wethu Nozililo le venkile yayibhaliswe ngoThamsanqa kakade? Loo Thamsanqa undixelela ngaye wayethathwe ukuba aze kuyijonga, ingathethi ukuthi yeyakhe,' wangenelela uMaMiya.

'Kanti ingathi uyaqhula nje unyanisile. Njengokuba uLungile efile nje kunyanzelekile ukuba izinto zibuyiselwe kokwazo. Kakade naye wayengene ngondlelamnyama.

... 'Ndanditshilo nangoku. Kaloku thina asilalanga njengokuba nina nithurha ubuthongo nje. ... Iza kuvuthuluka iphele nya le venkile...'

2.1.1 Ngubani igama lalo mntwana uMamTolo athetha ngaye apha?

(1)

- 2.1.2 UMamTolo uthetha noobani apha kwesi sicutshulwa? Xela amagama abo. (2)
- 2.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
- A UMamTolo akanalo uvelwano.
- B UMamTolo ungumntu onovelwano.
- C UMamTolo unomona. (1)
- 2.1.4 Caphula isivakalisi esithetha ukuba ukungabi nabazali kwalo mntwana asikuphela kwento ekwokusoloko kuthethwa yona. (1)
- 2.1.5 Chaza indlela abasweleka ngayo uLungile noNomakhwezi. (1)
- 2.1.6 Xela iyelenqe libe linye elenziwe nguNozililo ngevenkile yakwaNtsibande. (1)
- 2.1.7 UMaMiya wayengumhlobo kaNozililo ongalunganga. Ngqina oku. (2)
- 2.1.8 Ukuba laliphumelele iyelenqe likaNozililo lokubulala uMpumelelo ucinga ukuba bekuza kwenzeka ntoni? (1)
- 2.1.9 Kwakutheni ukuze uNozililo atshiselwe endlwini? (2)
- 2.1.10 Bonisa ubunyani bamazwi kaMamTolo wokuba uLungile ebengumqobo obusenza uNozililo angayifumani ivenkile. (2)
- 2.1.11 UNozililo ubusebenzise njani ubukhwele bukaNomakhwezi ukuphumeza iinjongo zakhe? (2)
- 2.1.12 Ucinga ukuba uMpumelelo wayeziva njani xa ebona abazali bakhe besilwa? (1)

2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ekupheleni konyaka wesibini zaphuma zintle kakhulu iziphumo zebanga leMatriki apha kwaBhlayi. Umpumelelo waphuma emagqabini wabalasela kanye kwiMathematika nezoBugqi. Waba uyayishiya i*Blythswood* emva kokuba efumene amazwi amkhaphayo adibene namabhaso eencwadi.

Ukuphuma kwakhe e*Blythswood* waya e*Fort Hare* akuba efumene isikolashphu seminyaka emithathu. Ufike wathabatha isebe loBugqi kwabalungiselela ukuya kufunda ubuGqirha (*preliminary course in Medicine*).

Nalapha ubonakalise umdla kwizinto ezininzi athe wazibona apha, izinto ezinjengeengxoxo, imidlalo yaseqongeni, amaqumrhu abafundi, imidlalo yebhola ekhatywayo neyamanqindi. Nalapha ubalasele umfo kaNtsibande, amadoda ewageqa ewageqile.

Ukufika kwakhe uye wothuswa kukubona umhlobo wakhe uThembisa lowa wayexushana naye e*Blythswood*. Naye wayesenza eli sebe belisenziwa nguMpumelelo. Oku kwazana kwenze ukuba bahlobane bade babe ngumtya nethunga. Baqala ngokubizana 'Mkhaya', bada bangabahlobo benene. Wayesithi akuba sengxakini uMpumelelo ancedwe nguThembisa ukanti noMpumelelo wayesoloko emalusile uThembisa ekubeni angahambi nzima kwizinto ezininzi.

Bobabini baba nomdla emculweni, bakwikwayala yalapha. Kuqala uThembisa wayenomnyewu esoyika ukungenela izinto ezininzi kodwa ukuqhelana kwakhe noMpumelelo kwenza ukuba aziwe njengomququzeleli wemicimbi emininzi yabafundi.

- 2.2.1 Chonga isivakalisi esibonakalisa ukuba uMpumelelo wafumana izipho e*Blythswood*? (1)
- 2.2.2 Akuba ephumelele e*Blythswood* waya kufunda phi? (1)
- 2.2.3 Xela umdlalo ube mnye awathi wazibandakanya kuwo akufika e*Fort Hare* uMpumelelo. (1)
- 2.2.4 Kwakutheni ukuze uMpumelelo noThembisa babizane 'Mkhaya'? (1)
- 2.2.5 UThembisa noMpumelelo babefana ngantoni? Xela ibe nye. (1)
- 2.2.6 Matanisa amazwi akuKHOLAM A nesithethi esikuKHOLAM B. Bhala inombolo yombuzo nonobumba wempendulo kuphela.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Owu, umntwana kaLungile madoda nithi nguye lo uthi ugqibile, uyabuya?	A ULungile B UThamsanqa
(b) Uze ungayiyeki imfundo naphantsi kwayiphi na imeko de ufikelele kweli nqanaba bendihlala ndisithi ndingaxola ukuba ungafikelela kulo.	C UNomakhwezi

- 2.2.7 Yintoni eyalibazisa uMpumelelo ngeli xesha ase*Blythswood*? (1)
- 2.2.8 Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa, 'Bangumtya nethunga'? (2)
- 2.2.9 Eli gama likrwelelwe umgca ngaphantsi libonisa ukuba uThembisa ungumntu onjani? (1)
- 2.2.10 Obu buhlobo bukaThembisa noMpumelelo bube neziphi iziphumo? (1)
- 2.2.11 Bonisa ukuba lo mlinganiswa unguMpumelelo igama alinikwe ngumbhali limfanele. (2)

- 2.2.12 UMpumelelo ubalasele kuyo yonke into ayenzayo. Ingaba uyavumelana noku? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.13 '... noMpumelelo wayesoloko emalusile uThembisa ...' Eli binzana libonisa ukuba uMpumelelo ungumntu onjani? (2)

[35]**OKANYE****UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)****UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani**

Ubungqina bukaJoe Bumba bube nefuthe elikhulu kwityala likaLinda Monti. Ngqina oku ngokuthi wayame ebalini. (190–240 amagama)

[35]**OKANYE****UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani**

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Endiqiniseke ngayo yeyokuba akasoze angayi ebhayaskophu namhlanje – ngakumbi kowangokuhlwa nje umboniso. Ukungaphili kwam akusoze kumthintele. Wandixelela kwakudala ukuba akasoze aphoswe ngowanamhlanje umboniso, ngakumbi kuba uboniswa okokugqibela apha eMonti.

'Angade abe uyandithanda uEddie kodwa sendisazi ukuba ibhayaskophu uyibhedesha ngaphezulu kunam. Mhlawumbi angafane agqithe ngam ekuphumeni kwakhe eholweni. Endingabe ndizixolisa ngayo okwangoku kukubuka imifanekiso yethu sisobabini.'

Wayezicinga ezi zinto ephuma engena emagumbini endlu yakhe. Ukuba wayenyanisile ngokungaphili kwakhe makube wayengacacanga. Inkangeleko yobuso yayingabiki hlaba. Indlela awayegqadaza ngayo yayingaphezulu nakweyehashi lesitali.

Kambe ayekho amayezana engqele abekwe ecaleni komandlalo wakhe wokulala. Phofu noLinda wayenokufana namanye amabhinqa ngobuqhokolo. Ngubani owayesazi ukuba wayewaqokelele nje, elungiselela ukuba athi ongenayo azibonele engabuzwanga ukuba akaphilanga.

ULinda yena ucinge akayeka ngalo Eddie wakhe. Uphinde wazimbombozelela yedwa: 'Ungafika uEddie secinga ukuba ndimbaleka ngabom. Mhlawumbi uthi andifuni kuya naye ebhayaskophu. Kwezakhe iingcinga, andifuni kubonwa ngabantu ndihamba naye. Yeyona nto kanye leyo iya kumenza acinge ukuba ukho lo Dyaloyi ndithe swii nguye. Kanti ukuba ebesazi ...'

- 4.1.1 Xela le ndawo uLinda athi uEddie akasoze angayi kuyo. (1)
- 4.1.2 UEddie wahamba nabani ukuya kule ndawo uyixele kumbuzo 4.1.1? (1)
- 4.1.3 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba uLinda uyagula. (1)
- 4.1.4 Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela igama elishiyiweyo.
Lo mboniso wawuza kuboniswa okokugqibela kwidolophu yase ... (1)
- 4.1.5 ULinda wagqiba ukuba makabe ezixolisa ngokwenza ntoni? (1)
- 4.1.6 ULinda wayedume ngantoni eMonti? (1)
- 4.1.7 ULinda wamazisa njani uEddie ukuba akaphumeleli ukuhamba naye? (1)
- 4.1.8 Ingaba uEddie wagqitha ngaye uLinda ukubuya kwakhe kule ndawo wayeye kuyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.1.9 Lithetha ukuthini igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo?
'... ibhayaskophu uyibhedesha ngaphezu kunam.' (2)
- 4.1.10 Usixelela ntoni umbhali ngoLinda ngale nkcazelo ikwesi sivakalisi silandelayo.
'Ukuba wayenyanisile ngokungaphili kwakhe makube wayengacacanga.' (2)
- 4.1.11 Ngokuzigulisa kwakhe uLinda wayejonge ntoni? (1)
- 4.1.12 Uyangqinelana noluvo lombhali oluthi, '... noLinda wayenokufana namanye amabhinqa ngobuqhokolo?' (2)
- 4.1.13 Ukushiya kukaEddie *itape recorder* equlethe ulwazi oluyimfihlo athi maze inikwe uLinda, ibonisa ntoni ngobuhlobo babo? (2)

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Entla, uthe tshe ingxowa yesikhumba – esi samanenekazi. Ungcotshengeenzwane, yeka ke ukuchwechwa, enyukela ngakuyo, ehamba ethumela iliso elitshawuzayo ngapha nangapha kwingxingwana nganye ayibonayo, efuna ukuqinisekisa ukuba akukho mntu umbukeleyo.

Ufike wayithi hlasi loo ngxowa, wahlala phantsi, ezimisele ukuyonwabela. Uphawule ukuba inolwinyana - lwesikhumba - elibhalwe ngomsizi ocacileyo lamagama: L.M.

Yakhawuleza ingqondo yaqikelela ukuba amele uLinda Monti. Uyivule kancinci, umzimba ududuzela wonke lidumbe lokungxama. Waqala ke ukudimbaza. Thaphu ilaphu lokusula elimgqubagquba yimigubo yokuqhola umzimba; kwalandela amacici nezacholo, nobunye ubunewunewu bokuhombisa imizimba yamanenekazi; yangamaqhagana aneendidi ngeendidi zamafutha okugcobha ubuso nokugcokotsha umlomo, amashiye neenzipho; kulandele ke nezinye iimvilikitshane angazikhathalelanga yena nangona zilixabiso elikhulu kwabasetyhini. Kambe udimbaze akayeka.

Ngelinini, ugagene nento emtsho wazilibala ukuba ulundwendwe olungaziwayo ekhay' apha kuba uvakale esithi qhuzu intsinana esezantsi. Lento yaqala ngokumphandla ngokumenyezela kwayo. Yayingumsesane wengeji - owexabiso wona.

Uthe ekuwubhenca-bhenceni, waphawula ukuba umphezulu wawo wawuqoqwe kwalapho wawenziwe khona ngamagama athi E.M., ngezantsi kwakho athi L.M.

- 4.2.1 Yenziwe ngantoni le ngxowa kaLinda? (1)
- 4.2.2 Yintoni eyayibangela ukuba atshawuzise amehlo ngapha nangapha uHlobo? (1)
- 4.2.3 Kukuthini ukuchwechwa? (1)
- 4.2.4 Xela izinto zibe mbini ezithe zafumaneka kule ngxowa kaLinda. (2)
- 4.2.5 Wayezokwenza ntoni kule ndlu kaLinda uHlobo? (1)
- 4.2.6 Wenza ntoni uHlobo akugqiba ukugqogqa ingxowa kaLinda? (2)
- 4.2.7 Kwakutheni ukuze uDuma Hlelo alwe noHlobo? (2)
- 4.2.8 Ingaba ileta eyabhalwa nguLinda eyafunyanwa endlwini kaEddie inento yokwenza nokufa kukaEddie noLulama. Ewe okanye hayi, uxhase impendulo yakho. (2)

- 4.2.9 Linika mfanekiso onjani eli binzana lisetyenziswe ngumbhali?
'... wayithi hlasi loo ngxowa, wahlala phantsi, ezimisele ukuyonwabela.' (1)
- 4.2.10 Usivelisela ntoni umbhali xa esithi, 'Wazilibala ukuba ulundwendwe olungaziwayo ekhay' apha kuba uvakale esithi qhuzu intsinana esezantsi'? (2)
- 4.2.11 Ingaba ilungile into yokuba uHlobo agqogqe ingxowa kaLinda ngaphandle kwemvume kaLinda? Ewe okanye hayi. Xhasa impendulo yakho. (2)

[35]**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

'Ndiyabona ndiqonda kakuhle ukuba iinyosi azinabudlelwane neempukane'. Ngqina ubunyani bala mazwi ngokwalapha encwadini. (190–240 amagama)

[35]**OKANYE****UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

6.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Funeka: Huntshu! Mntanasekhaya! Izele thole lini Zan?

Zanele: Wethu! Kufuneka ndihlabe ndikhangele hleze kuthi kanti ndizibindisa ngenyok'ephunga umhluzi.

Funeka: Zifake iinzipho zitshone nophoyiyana uyaqhuqhwa abe nguchwenene.

Zanele: Funeka, *my sister*, ndalamile, ndixakwe nje yinto yokuba lo mfo ngunomgcana, ndingathandi ukuba makaqhelane nokunxanwa.

Funeka: Kulunge kanye oonomgcana abo kanye. Akuqondi?

Zanele: Njani?

Funeka: Bona sebeqhele ukubotshelwa esisingeni. Kulula ke ukungena kwabo edyokhweni kunokuleqana nabangaphenjelwayo. Qond'apha dade, ukuba lo mfo akanxanwa ligqolo elo. Oonxanwayo ngootiki-ziyavuzza, iindlezana sana. Buza kum.

Zanele: Andithandi ukujongana nesikhuni bendisifaka phantsi kwembiza.

Funeka: Ilula leyo sana. Ukuphenduka kwesikhuni sisesandleni kulula ukusiguqula kunesikhuni esibhabha emoyeni.

Zanele: Ndobuya ndibanjelwe ngubani ngoku?

Funeka: Sele ubambise kade, sondeza intambo ibe mfutshane. Kuqhuba iindibano ngeempelaveki ukususela ngoku. Ungaxakeki sana lwam.

Zanele: Uthetha kamnandi sisi wam, kodwa iindidi zeentlanzi azibanjiswa ngomnatha omnye.

Funeka: linkobe zivuthiswa kukukhwezela ukuze zinganyeli.

Zanele: Hayi wethu undoyisile. Kambe ukuthetha kucutha amanqatha.

- 6.1.1 Igama elithi, 'Huntshu' libonisa ukuba uFuneka ukwimeko enjani? (1)
- 6.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
Ukuzibindisa ngenyok'ephunga umhluzi kuthetha:
- A Ukuzilumisa ngenyoka.
- B Ukuziqalela inkathazo.
- C Ukusela umhluzi. (1)
- 6.1.3 Ngubani lo mntu uZanele noFuneka bathetha ngaye? (1)
- 6.1.4 Uthi uFuneka yintoni elungileyo ngoonomgcana? (1)
- 6.1.5 Xela indawo abathetha kuyo uFuneka noZanele. (1)
- 6.1.6 Lo mntu bathetha ngaye uFuneka noZanele uyintoni umsebenzi wakhe? (1)
- 6.1.7 Chonga ibinzana elithetha ukuba umntu ongento uyakwazi ukumphucula abe linene. (1)
- 6.1.8 Intetho kaZanele ethi kufuneka ahlabe ekhangele ibonisa ukuba uyacinga phambi kokwenza into. Ingaba kunjalo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 6.1.9 Ngqina ubunyani bala mazwi kaFuneka ngokubhekiselele kwimeko yakhe xa esithi:
'Oonxanwayo ngootiki-ziyavuzwa, iindlezana sana. Buza kum'. (2)
- 6.1.10 Ibonisa ntoni ngoFuneka into yokuba xa efuna ukubambisa uLoni asebenzise umhlobo wakhe uZanele. (2)
- 6.1.11 Uveza ntoni umbhali ngobudlelwane bukaFuneka noZanele xa uFuneka esithi, 'sana lwam', uZanele athi, 'sisi wam' xa bebizana? (2)
- 6.1.12 Ungathi ungumntu onjani uZanele ngokwale ntetho yakhe,
'... ndixakwe nje yinto yokuba lo mfo ngunomgcana, ndingathandi ukuba makaqhelane nokunxanwa?' (2)
- 6.1.13 Yintoni injongo kaFuneka yokuthetha la mazwi kuZanele?
'linkobe zivuthiswa kukukhwezelwa ukuze zinganyeli.' (2)

6.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ndila:	Kanene ufane uthethe wena. Uyandihleka kuba ndiphelelwe emsebenzini? Ngenye imini uya kuze uqonde ukuba ubomi ngumxube wezothuso namayeyeye.
Funeka:	Hayi wethu, musa ukulixhoma epalini iswili lakho. Asinto esiya kulala sitye yona leyo. Into elungileyo kukufuna umqolomba ungene kuwo ngexesha lezothuso uphume ngethuba leziqabu.
Ndila:	Kungenzeka ukuba ndize kungena komnye.
Funeka:	Ulumke hlez'uthi kanti lo sowubhudl'umoya.
Ndila:	Noko andicingi ukuba ndingashiywa nanguwe enyanyeni. Uncedo lufumaneka kwabasemzini kunabasekhaya.
Funeka:	Ukuba ufuna imali utsho ebhatyini mtshana.
Ndila:	Kuwe imali yinto yonke <i>and like all gold diggers ...</i>
Funeka:	Hayi wethu, ndiyaqhula.
Ndila:	Uyaqal'ukuthetha. Uyayazi into yokuba ndiphelelwe emsebenzini kwaye ndicinga ukuba uyazazi nezizathu.
Funeka:	Lilonke?
Ndila:	Uthando malube nemisebenzi, le mpahla ikule ndlu iyathetha. Ubumnandi balo mcimbi yinto yokuba into yokuthandana kwethu lihlebo lethu (<i>watsho emwola</i>) <i>Look, Funie girl</i> , umdlalo uwuqhelile sondeza uMawonga, izabatha zaziwa nguwe.
Funeka:	Ndakuyibambisa intaka leyo, ndiyithini?
Ndila:	Yixhwithe iintsiba, kuba buyaphela ubuntaka bayo zakuvuthuluka iintsiba.
Funeka:	Ndiyakukhe ndizame mtshana, kodwa makhe lulale uthuli.
Ndila:	Mtshana wam! (<i>Bawolane kwakhona</i>).

- 6.2.1 Yintoni eyabangela ukuba uNdila agxothwe emsebenzini? (1)
- 6.2.2 Yayingubani usihlalo wekomiti yesikolo ngeli xesha agxothwayo uNdila? (1)
- 6.2.3 Kutheni uNdila eze kuxelela uFuneka ukuba akasasebenzi? (1)

6.2.4 Kwakutheni ukuze uthando lukaFuneka noNdila lube lihlebo? (1)

6.2.5 Matanisa intetho ekuKHOLAM A nesithethi esikuKHOLAM B

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Yintak'obusi yodwa ethanda ubusi ingakwazi ukuphakula.	A Maziko B Zanele
(b) Sukuzikhathaza bhuti wam, unikwa i <i>Appetizer</i> nje.	C Thandiwe D Madala

(2)

6.2.6 Inika ntsingiselo ni intetho kaFuneka xa esithi, 'Musa ukulixhoma epalini iswili lakho'? (2)

6.2.7 Yinyani okanye bubuxoki? UFuneka ucinga ukuba uNdila ufuna imali. Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.8 Cacisa okuthethwa ngamazwi athi: 'Le mpahla ikule ndlu iyathetha' ngokubhekiselele ebalini. (2)

6.2.9 Ibonisa ntoni into yokuwolana kwesi sibini? (1)

6.2.10 Kwaba luncedo njani ukuba uNdila ingxaki yakhe yokuphelelwa ngumsebenzi aye kuyixela kuFuneka? (2)

6.2.11 UFuneka ulahlekise uZanele ngeenjongo zokuba afane naye ngokwesimo. Ngqina oku. (1)

[35]**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)****NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa****Kanti andizenzanga**

Ngqiyama ngeziganeko zebali ubonise indlela abantu baseSikhobeni nabaseMnyameni abawanyhasha (abawacinezela) ngayo amalungelo kaMntuyedwa. (190–240 amagama)

[35]**OKANYE****UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa**

8.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ikhikhizela laseDangwana

Umkile uMaKheswa nonyana wakhe ukusinga eMthatha. Bekungekho kwanto ibinokwenza ukuba ubani arhane ukuba ngumfazi ohamba nonyana wakhe lo. Umntu ubenokuziqhatha ngelithi ngumama nje ohamba nembathangubo elolusa iinkomo zakwakhe. Phofu umntu onobuntu ubenokunikina intloko yinkohlakalo yalo mama yokuhlala nomntu engamhlawuli kakuhle.

Bakufika eMthatha bangqale ngqo kwindawo ekuthiwa kukwaDanti apho bafumene khona abachebi abavunyiweyo nabaneziqinisekiso zokucheba, kanti abangenazo beqinisekile ngento abayenzayo sebeqamele nje ngamava ngenxa yokunqaba kweziqinisekiso eziqwetyiweyo. UMaMpafane ucebise ukuba lidilizwe lonke elo hlathi kuba kaloku unkabi walahleka engekachetywa ukutshona kukayise. Nakuba uFanabekho ubeyimpula kalujaca nje belisekho lona ikratshi lokuba ungunyana wetitshala. Uyikhabe kwaya ngaye into yokoguywa iinwele zakhe. Uzicelele ukuba achetywe ngohlobo oluthile. Umchebi unikine intloko eqonda ukuba okoko waba ngumchebi uyaqala ebomini bakhe ukudibana nomntu ongenantloko. Umchebi wonde ngentloko ezama ukuzalisekisa iminqweno yomchetywa. UNkamalanga ubonile xa ediliza eso sihlwatha ukuba umniniso ubefanelekile ukuxhathisa kwisicelo sikaMaKheswa kuba besifihle imfihlelo eninzi yaMabongo.

Bangena bephuma kwiivenkile zempahla umfazi emthengela kwanto unyana wakhe.

8.1.1 Ngubani igama lalo nyana kaMaKheswa ahamba naye? (1)

8.1.2 Yintoni ebangela ukuba kungacaci ukuba uMaKheswa ngumama ohamba nonyana wakhe? (1)

- 8.1.3 Babesiya phi, besiya kwenza ntoni? (2)
- 8.1.4 Chonga ibinzana elithetha ukuba uFanabekho wayengenanto anayo. (1)
- 8.1.5 Uyibonakalise njani uFanabekho into yokuba akafuni kuva ngamntu? (2)
- 8.1.6 Wayeza kuchetyelwa ntoni uFanabekho phambi kokuba alahleke? (1)
- 8.1.7 Intetho ethi, '... makudilizwe lonke elo hlathi ...' ithetha ukuthini? (2)
- 8.1.8 Ingaba uMaKheswa ungumzekelo omhle womama onengqeqesho eyiyo? Ngqina okanye uchase oku. (2)
- 8.1.9 Ukuba ubunguFanabekho ubuya kwenza njani xa ufika ekhaya emva kokuhamba ixesha elide ungaziwa? (2)
- 8.1.10 Ingaba uFanabekho wamncedisa unina kwizinto zekhaya njengendoda waphumla uMaKheswa? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 8.1.11 Ithini imfundiso yeli balana? (1)

8.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ikhikhezela laseDangwana

Kube buhlungu umhlolokazi ethetha nonyana wakhe ezama ukumfaka kwintlalo yobuntu. UFanabekho akaphulaphulanga nanye kwizinto azixelwe ngunina. Ubevuka qho njengesiqhelo aqhawule ukutshon'edolophini, abuye eqhuba amatakane. Ubukho bakhe uFanabekho bebufana nokungabikho kwakhe. Le meko uMaKheswa uyijonge wayijonga wabon'ukuba zange azale tu kule nkewu. Akukho nto ubeluncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe, nakwisiqu sakhe.

Into ebebaluleke ngayo umfo kaFikizolo kukufaneleka kwakhe. Ebenxiba kakuhle athi chu ukuya edolophini, ethethela phantsi okwenene lamanene. Umntu odibene naye ebengalibali edibene nomntu kwaba bantu banqongophele kangaka. Enye yezinto ebengahlukani nazo liphephandaba apha i-'*Daily Dispatch*'. Umntu omphandayo ukuba wenzani kanye ebengalibazisi athi uyi-'*pharmacist*' evunyiweyo.

Unina uMaKheswa uhambe wahamba wadinwa kukondla ahlambebe umququ nje olindele ukuphetshethwa ngumoya. Bezikhe ziqengqeleke iintsuku uFanabekho engabonakali ekhaya, abuye xa eze kutshintsha impahla. Ngenye imini ubuyile wacela into etyiwayo kunina koko umhlolokazi akazihluphanga uphendule ngelipholileyo wathi, 'Ukuba ubuyinja yalapha ekhaya bendiza kuqukeza ndikwenzele ukudla kuba bendiza kuqiniseka ukuba ubuyile nje uza kukha ukhonkothe ...'

- 8.2.1 Chonga igama elinye elithetha ukuba umama kaFanabekho ngumfazi obhujelwe ngumyeni. (1)
- 8.2.2 Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela ibinzana elishiyiweyo:
UFanabekho akaphulaphulanga nanye kwizinto ... (1)
- 8.2.3 Matanisa intetho ekuKHOLAM A nengcaciso ekuKHOLAM B

KHOLAM A	KHOLAM B
Ubukho bakhe uFanabekho bebufana nokungabikho kwakhe.	A UFanabekho ebengumntwana okuphela kwakhe kubazali bakhe. B Akukho nto ebeluncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe, nakwisiqum sakhe.

- 8.2.4 Yintoni eyabangela ukuba abuye eTinarha uFanabekho? (1)
- 8.2.5 Sizathu sini sokubuya kwakhe awasixelela unina? (1)
- 8.2.6 Liphi ikhaya likaFanabekho? Xela igama lendawo. (1)
- 8.2.7 Walahleka kokwabo wabuya emva kweminyaka emingaphi uFanabekho? (1)
- 8.2.8 Xa athi umbhali uMaKheswa wazibona ukuba akazalanga ngokuzala uFanabekho uthetha ukuthini? (2)
- 8.2.9 Yintoni eyayibangela uFanabekho aquqe edolophini enxibe kakuhle ephethe iphephandaba? (1)
- 8.2.10 UFanabekho wayekunqwenela ukuba ngumntu ofundileyo nophucukileyo. Ngqina oku. (2)
- 8.2.11 Uluvo lukanina lokuba uFanabekho mdala akanakuze afunde, uyangqinelana nalo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.2.12 Amazwi kaMaKheswa athi, 'Ukuba ubuyinja yalapha ekhaya bendiza kuqukeza ndikwenzele ukudla kuba bendiza kuqiniseka ukuba ubuyile nje uza kukha ukhonkothe ...' abonisa ntoni ngobudlelwane bakhe nonyana? (2)
- 8.2.13 UFanabekho akafani nomama wakhe ngokwesimo. Bonisa oku ngokwasebalini. (2)

[35]**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

ICANDELO D: ISIHOBE – VUKANI MADODA KUSILE

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Intyatyambo – M Mbutuma

- 1 Ewe, ntyatyambo, kha usibonise,
- 2 Ewe kaloku, kha usixelele:
- 3 Elona xesha lokuba ume,
- 4 Ililiphi n'elona ziko lakho,
- 5 Aph'umnt'u angakha khona,
- 6 Uphi n'owona mthombo wakho
- 7 Aph'umnt'angazikhola khona,
- 8 Aph'angahla'azikhelele,
- 9 Aph'angazidid'akruquke.

- 10 Baxolil'abahamb'emimangweni,
- 11 Kub'ubaph'ukuyol'emathafeni.
- 12 Babukel'ubuhle nehombombakho.
- 13 Ubaxolisil'abazingeli bakho,
- 14 Balibala bebuk'ubuhle bakho,
- 15 Uzidlamkisil'iinyamakazi,
- 16 Ziphaphile zinokuqavakazi,
- 17 Zidl'obakh'ubuncuthu,
- 18 Zikunye neentaka zezulu,
- 19 Zidl'incid'emyoli kakhulu.

- 20 Ziindid'ezininzi iintyatyambo.
- 21 Ulinganiswa nomXesibe nabaMbo.
- 22 Kant'umthinjana ukwenz'ihombombakho,
- 23 Ukwenz'uvunywe lilizwe
- 24 Ngomsebenzi wakho wobuzwe.
- 25 Waa, ntyatyambo, uvunyiwe,
- 26 Ngenene ngevumb'uthandiwe
- 27 Kanti ngobuhl'uvunyiwe.
- 28 Ngomfaneleko wasamele.

- 29 Ndikubona futh'emifuleni
- 30 Aph'uhlal'emafuku-fukwini.
- 31 Ngokungath'usekuwahombiseni
- 32 Loo manz'anzongo-nzongo ezizibeni.
- 33 Phezu kwamachib'uyakhonya
- 34 Ujikwa-jikwa kuhle ngumoya,
- 35 Ningqungqo kuhle nivum'ingoma,
- 36 Adungek'amanzi sel'eman'encoma,
- 37 Induluk'imisinga al'amanxwema

- | | |
|----|----------------------------------|
| 38 | Zon'izitiya sel'izezakho |
| 39 | <i>Kub'uman'ufunyanw'apho.</i> |
| 40 | Zon'iibhekile namagogogo |
| 41 | Neembodlelana zikubeka kuzo, |
| 42 | Zide zikufak'ezindlwini. |
| 43 | Ubune kukuhlal'endlwini |
| 44 | Buphel'ubuhle kuni |
| 45 | Kuwe imvuthuluka kwakuni |
| 46 | Nilahlwe ubuhle bungasekho kuni. |

- 9.1 Imvano-siqalo kunye nemvano-siphelo kumqolo woku-1 ukuya kowesi-3 kwisitanza soku-1 ibonisa ntoni? (1)
- 9.2 Chonga isimntwiso kulo mqolo: 'Ewe kaloku, kha usixelele'. (1)
- 9.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zibiyelweyo:
Ufinyezo lwemiqolo olukumgca wesi-4 ukuya kumgca we-9 lunika (isandi/isingqi) esidala isingqisho. (1)
- 9.4 Chaza ukuba ibinzana elikumqolo we-17 elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mbongo lithetha ukuthini. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
A lintyatyambo zenziwa ziinyamakazi.
B Izilwanyana zonwabela ubuhle beentyatyambo obudlamkisayo.
C lintyatyambo ziyazigxotha izilwanyana. (1)
- 9.5 Kwisitanza sesi-2: Imbongi ithi zibaxolisa njani abazingeli iintyatyambo? (1)
- 9.6 Kwisitanza sesi-3: Khetha umgca onebinzana elibonisa ukuba ulutsha luyazithanda iintyatyambo. (1)
- 9.7 Yintoni umthinjana? (1)
- 9.8 Xa imbongi ithetha ngomXesibe nabaMbo ithetha ngantoni? (2)
- 9.9 Nika umongo wesitanza sesi-3. (2)
- 9.10 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo wama-35 nowama-36. (1)
- 9.11 Ucinga ukuba ubomi bunganjani xa zinokungabikho iintyatyambo? (2)
- 9.12 Nika intsingiselo ephuhliswa ngumqolo wama-38 nowama-39 ngamazwi akho. (2)
- 9.13 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? (1½)

[17½]**OKANYE**

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Intaba kaNdoda – LS Ngcangata

- 1 Ngxatsho-o-o-o ke, mzi wasemaXhoseni!
- 2 Ngxatsho-o-o-o ke, hlanga lakwaluhlanga!
- 3 Ndithetha nani, zidweshana namagqiyakazi.
- 4 Ndibhekisa nakuni, mlisela nomthinjana.

- 5 YiNtaba kaNdoda intaba yeentaba.
- 6 Yintab'encoph'isondele ezulwini.
- 7 Yintab'ezinyaswe ngamahlath'akwaHoho,
- 8 Inge ithozamel'ukuthandazel'imvula.

- 9 Kulapho kutsholoz'iintaka neenyamakazi,
- 10 Ngokungathi zidumis'uQamata ngesihomo;
- 11 Zimzukisa ngokudala le Ntaba kaNdoda;
- 12 Zibamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.

- 13 Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba.
- 14 Yintab'esiya kuqhayisa ngayo ezizweni.
- 15 Asinakuba manyonywana zisakuyikhankany'iintlanga,
- 16 Kuba yintab'engundoqo weembali zakwaRharhabe.

- 17 Ntabandini ukuba ubukhula ngendithetha ndophele.
- 18 Ndithi ngendityibela, ndityondyotha, ndityatyadula.
- 19 Ngendisithi khul'ud'ukhuluphale kodwa ungakhokhobi
- 20 Ngendisithi khul'ud'ufike ezulwini.

- 21 Uthume izijoli zize kusidle'amathol'eendaba;
- 22 Zisibalisele ngezinto zalapho kwikhaya lolangazelelo;
- 23 Zisichazele ngezinto ezenzek'ezulwini;
- 24 Zisixelele ngamaXhos'ababalwe ngobomi baphakade.

- 25 Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo,
- 26 Kwez'uRharhabe nehlokondiba labalandeli.
- 27 Bafika babek'ubilo kuyo le ntaba,
- 28 Bevela kwaPhalo, phesheya komlambo.

- 10.1 Kumgca woku-1 nowesi-2 kwisitanza soku-1 imbongi isebenzise uphindaphindo olubizwa ngokuba ... (1)
- 10.2 Chonga igama elinye kwisitanza soku-1 elibonisa ukuba imbongi ibhekisa kubantu abaninzi. (1)
- 10.3 Xela igama lale ntaba ibongwa yimbongi. (1)
- 10.4 Ngawaphi la mahlathi azimase le ntaba? (1)

- 10.5 Caphula isifaniso esisetyenziswe yimbongi kwisitanza sesi-2. (1)
- 10.6 Ithi imbongi iintaka nezilwanyana zimzukisela ntoni uQamata? (1)
- 10.7 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-12. (1)
- 10.8 Chaza okuthethwa ngulo mqolo, 'Zibamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.' (2)
- 10.9 Imfanozandi u-ty osetyenziswe yimbongi kumqolo we-18 utyhila uvakalelo olunjani? (1)
- 10.10 Chaza intsingiselo equlethwe ngumqolo wama-27 nowama-28. (2)
- 10.11 Ungathi imbongi ingumntu onjani xa ufunda lo mbongo? (2)
- 10.12 Ngokokwazi kwakho lo mbongo, uyangqinelana nembongi xa isithi le ntaba yintaba engundoqo weembali zakwaRharhabe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 10.13 Ibaluleke ngantoni into yokuba abantu abangamaXhosa bazi ngale ntaba? (1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ibhabhathane – LS Ngcangata

- 1 Nal'ibhabhathane libhabha-bhabha.
- 2 Sisinambuzan'**esithand'ukudl'amacwaka**.
- 3 Iintaka ziyatsholozela, iinyenzane zenz'inzwini,
- 4 Kodwa lona lithe cwaka, alivakalelwa.
- 5 Phofu loo nto ayalathi kudakumba;
- 6 Nditsho kuba naku lindanda ngodlamko.
- 7 Phakathi kwezityalo liman'ukuhlola-hlola.
- 8 Amathafa namagcume ziindawo zalo.
- 9 Obu buhle busigubungelo somphefumlo wam.
- 10 Ngumahlal'ehleli ombejezelayo owanez'umxhelo.
- 11 Abukhathalele busika neqabak'incamile.
- 12 Iintyatyambo zoyisiwe wen'uzigqwesile.
- 13 Nekhiwane lisadalele, alinakucel'umngeni,
- 14 Kuba obalo bon'ubuhle bunempethu.

- 11.1 Loluphi uhlobo lombongo olu? (1)
- 11.2 Ngeli xesha iintaka zitsholozela neenyenzane zisenz'inzwini, lenza ntoni lona ibhabhathane? (1)

- 11.3 Khetha impendulo ibenye echanekileyo kwezi zibiyelweyo.
Ibinzana elibhalwe ngqindilili kumgca wesibini lithetha ukuba:
Ibhabhathane (litya ukutya kwalo/lihamba ngeenzwane/ alenzi ngxolo). (1)
- 11.4 Gqibezela esi sivakalisi. Sisinambuzan' ... (1)
- 11.5 Lithetha ntoni igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-4 ngebhabhathane? (2)
- 11.6 Chonga umqolo obonisa ukuba ibhabhathane alibhabhi ngokutyhafileyo. (1)
- 11.7 Igama, 'ukuhlola-hlola' lithetha ukuthini? (2)
- 11.8 Xela isizathu sokuba oku kuhlola-hlola likwenze phakathi kwezityalo. (1)
- 11.9 Lthetha ukuthini imbongi xa isithi, 'Obu buhle busisigubungelo somphefumlo wam'. (2)
- 11.10 Nika igama elisetyenziswayo xa kubhekiswa kwimigca yokuqala esibhozo nemithandathu elandela leyo kulo mbongo? (2)
- 11.11 Bonisa ubuchule bembongi ekusebenziseni umfanekiso-ntelekelelo kulo mbongo. (2)
- 11.12 Ibinzana elithi, 'ngumahlal'ehleli ombejezelayo...' livuselela owuphi umzwa? (1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Funzela enzulwini – SSM Mema

- 1 Lishushu idabi kumathaf'obu bomi;
- 2 Kuqhum'amaqulo kuchachamb'umchiza;
- 3 Uxhob'ufohlel'umlisela nomthinjana,
- 4 Usilwa noSathana, usilwa nobumnyama.
- 5 Ayaxhaxh'amagwala, kuband'umchachazo.
- 6 Ubomi ngumzamo kosind'amakroti;
- 7 Ubomi ngumthwalo bufuna umqolo;
- 8 Umgomo um'umi ulind'umzingisi.
- 9 Ubomi lidabi lokulwa nomna;
- 10 Iyathimbis'inyama ayifuni kuthotyozwa,
- 11 Aying'ingaba lidini lokuzis'impumelelo,
- 12 Ayingi ingalinda ijonge inzaliseko.

- 13 Qina isibindi ukuze uphumelele.
 14 Qul'uphethel'imini nobusuku bayo.
 15 Qhekeza imichankatho owele ngayo,
 16 Ufunzel'enzulwini ungabuyi ngamva.
- 17 Mawuqaqambe umgomo phambi kwakho,
 18 Uziqhiz'iimbophelelo ezikuqamangeleyo,
 19 Uyibeke nxamny'imithwalo ekudobeelayo;
 20 Ulubaleke ngomonde ugqats'olukumeleyo.
- 21 Wofuman'abaninzi bengqengq'elungqamekweni,
 22 Wofuman'iqela ligxampuz'emgxobhozweni.
 23 Onke loo maqela akukhwebela kuwo;
 24 Maz'ungawahoyi ufunzele enzulwini.
- 25 Ofun'igolide akaqhwayi emgqubeni,
 26 Akaxel'isikhukukazi sifun'imibungu.
 27 Ozingela izilo uthabatha izagweba,
 28 Avuke kwangonyezi abuye nofele.
- 29 Oswele umgomo ufana nemfama,
 30 Uyaphumputheka akhubeke awe;
 31 Abe ngumqobo kwabahamba ngendlela,
 32 Kulahleke naye inkitha yezimathi.
- 33 Qubul'isikrweqe ulw'ubemagezana,
 34 Ubomi ngumgudu, wovuzwa wakubila;
 35 Umhlab'uyahlaba awufuni nkenenkene.
 36 Amandl'oba ngawakho wakufunz'elenzulwini.
- 37 Indlela ilucinya yaye ingumnqantsa;
 38 Ifunyanwa ngamachule iint'eziwa ngamadolo,
 39 Zicele amandla kuMenzi wento zonke.
 40 Ongecala lakhe wofikelela enzulwini.

12.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zibiyelweyo kwesi sivakalisi silandelayo.

Imbongi kwisitanza soku-1 kumqolo woku-1 isixelela ukuba (ubomi bumnandi/ubomi lidabi elinzima/ubomi kukusoloko ubetha abanye abantu). (1)

12.2 Imfanozandi, kumgca wesi-2, 'Kuhum'amagulo kuhahamb'umhiza', ivuselela owuphi umzwa? (1)

12.3 Xela izinto zibe mbini ethi imbongi mazenziwe ukuze umntu aphumelele. (2)

12.4 Imbongi ithi benza ntoni abantu abangazamiyo ebomini? Xela ibenye. (1)

12.5 Cacisa okuthethwa ngumqolo wama-27 nowama-28. (2)

- 12.6 Nika intsingiselo yalo mqolo, 'Abe ngumqobo kwabahamba ngendlela'. (2)
- 12.7 Ngowuphi umfanekiso-ntelekelelo onawo xa ufunda lo mqolo wama-29?
'Oswele umgomo ufana nemfama' (1)
- 12.8 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi, 'Funzela enzulwini'? (2)
- 12.9 Bonisa ubuchule bembongi ekusebenziseni lo mqolo ulandelayo kulo mbongo, 'Umhlab'uyahlaba awufuni nkenekene? (2)
- 12.10 Nika umongo wesitanga sokugqibela kulo mbongo. (2)
- 12.11 Loluphi uhlobo lombongo olu. Xhasa impendulo yakho? (1½)
[17½]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2012

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza uyilo (umzekelo: imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.
8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impindulo nganye isihloko esichanekileyo.

QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


UBUDE BEEMPENDULO

- ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-190–240 lamagama.
 ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80–100 lamagama.
 ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60–80 lamagama.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala isincoko sibe ngamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 Luxanduva lukaRhulumente ukufundisa abantu indlela yokunqanda uncoliseko kwiindawo abahlala kuzo. [50]
- 1.2 Izinto ezenziwa ngabahlali bendawo yam ukuphucula intlalo yabo. [50]
- 1.3 Imibono endinayo ngam xa ndiphangela. [50]
- 1.4 Bhala isincoko esingqina la mazwi, 'Umntu ngumntu ngabantu'. [50]
- 1.5 Izinto ezinokwenziwa liSebe leMfundo, abazali nootitshala ukuncedisa abafundi bebanga le-12 balungele iimviwo zokuphela konyaka. [50]
- 1.6 Iinkqubo zikaMabonakude azininiki ixesha elilingana nelesiNgesi iiLwimi zesiNtu. [50]
- 1.7 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.



[50]

1.8 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

Chonga umhlathana omde ube MNYE kuphela. Bhala ama-80–100 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela udadewenu/umntakwenu oza kuya kudliwano-ndlebe umkhuthaze. [30]

2.2 INTETHO ESESIKWENI

Umhlobo wakho ufumene isipho-mali sokuya kufunda eyunivesithi. Bhala intetho yokumncoma uvuyisana naye. [30]

2.3 INCOKO YABABINI ENGEKHO SESIKWENI

Bhala incoko phakathi kwabafundi ababini malunga nendlela yokuziphatha komfundi esikolweni ukuze angaphazamisi ilungelo labanye lokufunda. [30]

2.4 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini malunga nokubaluleka kokwenza imithambo ukuze uhlale usempilweni. [30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Bhala umhlathana omfutshane ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60–80 ubude. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 IKHADI LESIMEMO

Bhala ikhadi lesimemo umeme umzala wakho ukuba abekho kwitheko lokuvuyisana nokuphumelela kwesikolo sakho kukhuphiswano lomculo.

[20]


3.2 IPOSIKHADI

Thumela umhlobo wakho iposikhadi umxelela ngendlela oziva ngayo kwisikolo ofunda kuso ibanga le-12.

[20]

3.3 ISALATHISO


Umhlobo wakho useCrowthorne, malathise indlela eya eRandburg ehamba ngendlela engu-M71.



[20]

AMANQAKU ECANDELO C:
AMANQAKU EWONKE:

20
100



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 100

Le memorandam inamaphepha ali-11.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

- 1.1 Luxanduva lukaRhulumente ukufundisa abantu indlela yokunqanda ungcoliseko kwiindawo abahlala kuzo.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi angabeka uluvo lwakhe aluxoxele ezixhasa ngemizekelo.
- Angathatha icala, axhase okanye achase ezathuza.
- Unokuchaza uxanduva olumele ukuthathwa nguRhulumente.
- Ingxoxo yakhe kufuneka iyondelelane ikhatshwa zizizathu nemizekelo ephilayo yeemeko ezaziwayo okanye izinto ezenzekayo.
- Angabonakalisa ulwazi olunzulileyo ngale nto athetha ngayo nokukwazi ukuhlaza nokuqiqa.
- Angachaza iindidi zongcoliseko lwendawo, olomoya, olwamanzi njalo njalo.
- Angavelela iindlela ezinokusetyenziswa nguRhulumente ukunqanda ungcoliseko.
- Makasebenzise ulwimi oluchukumisayo lwengxoxo okanye ulwimi lokuchaza nemifanekiso-ngqondweni.

[50]

- 1.2 Izinto ezenziwa ngabahlali bendawo yam ukuphucula intlalo yabo.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi unokuchaza izinto azibonayo ezenzekayo nezaziwayo.
- Unokubonakalisa isakhono sokuthelekisa izinto okanye iimeko, nokuba neliso lokuziqaphela izinto.
- Unokuqala athethe ngemeko ebe kuyiyo ngaphambili.
- Unokuchaza iingxaki ezisekuhlaleni ngenxa yale meko.
- Mayibe zizinto ezakhayo neziyiphuculayo le meko ibikade ikho.
- Umfundi unokuthetha nangantoni eyenziwa ngabahlali bendawo yakhe.

[50]

- 1.3 Imibono endinayo ngam xa ndiphangela.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi unokubonakalisa ukukwazi ukutolika imibono yakhe ngamazwi/ ngamagama.
- Unokubonakalisa ukucinga nzulu nokuqiqa ngokuzithatha azibeke kwiqondo elingentla ngokweengcinga.
- Unokuxela izizathu ezibangela ukuba abe nale mibono anayo.
- Unokuvelisa indlela eya ekufezekiseni imibono yakhe.
- Makabhale kwixesha elizayo.
- Makabhekise kwimeko yaxa ephangela.

[50]

1.4 Bhala isincoko esingqina la mazwi, “Umntu ngumntu ngabantu”.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Angabonakalisa ukukwazi ukuyitolika le ntetho kwisincoko sakhe.
- Umfundi unokungqina le ntetho anike nemizekelo.
- Unokwenza imbalana ebonisa oku.
- Unokunika nemizekelo yabantu abaziyo.

[50]

1.5 Izinto ezinokwenziwa liSebe leMfundo, abazali nootitshala ukuncedisa abafundi bebanga le-12 balungele iimviwo zokuphela konyaka.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundi unokuvelisa iingxaki ezikhoyo noonobangela bokungaphumeleli kwabafundi kweli banga.
- Unokubonakalisa ulwazi ngendima edlalwa ngabantu kwezeMfundo.
- Unokuvelela iingxaki nezisombululo.
- Unokunika unobangela nesiphumo.
- Unokuchaza izinto emazenziwe liqela ngalinye kula akhankanyiweyo.
- Unokubonisa ukuba ezi zinto athi mabazenze ziza kuba luncedo njani kubafundi.
- Unokunika imizekelo ezathuza.

[50]


1.6 Iinkqubo zikaMabonakude azininiki ixesha elilingana nelesiNgesi iiLwimi zesiNtu.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Unokudibanisa izimvo ezahlukeneyo, athathe isigqibo
- Unokubonakalisa ulwazi malunga nokulingana kweeLwimi ezahlukeneyo.
- Unokuvelisa ifuthe likaMabonakude ekuphemeleleni ukukhula nokucinezeleka kweeLwimi.
- Unokunika imizekelo engqalileyo ebonisa ukuphakanyiswa kwesiNgesi kuneeLwimi zesiNtu.
- Unokuvelisa iziphumo zaloo nto kuluntu loMzantsi Afrika nakwikamva leeLwimi zesiNtu.
- Unokunika iingcebiso nesisombululo.

[50]

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha



Tyhila iphepha

Hm

PP

1.7 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Unokubonisa ukukwazi ukuzikisa ukucinga.
- Unokudibanisa umfanekiso namava okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Umfundi makanike isihloko sesincoko.

[50]

1.8 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Makabonise ukukwazi ukuzikisa ukucinga.
- Ukudibanisa umfanekiso namava okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Umfundi makanike isihloko sesincoko.

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela udadewenu/umntakwenu oza kuya kudliwano-ndlebe umkhuthaze.

- Ileta inedilesi enye.
- Isibuliso
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Angabhala izinto amakazenze namakangazenzi.
- Angamcebisa ngendlela eyiyo yokwenza udliwano-ndlebe.
- Angabhala amazwi enkuthazo.

[30]

2.2 INTETHO ESESIKWENI

Umhlobo wakho ufumene isipho-mali sokuya kufunda eyunivesithi. Bhala intetho yokumncoma uvuyisana naye.

- Ukubulisa
- Unokuvelisa iimvakalelo zakhe ngeli thamsanqa alifumeneyo.
- Unokuchaza ukuba loo nto ithetha ukuthini ngalo ufumene isipho-mali.
- Unokuvakalisa ukuba balindele ntoni kuye bezizihlobo, kanti le ndawo afumene kuyo ilindele ntoni kuye.
- Unokuchaza imfundiso abayifundileyo kuye.
- Unokumnika amazwi enkuthazo.

[30]

2.3 INCOKO YABABINI ENGEKHO SESIKWENI

Bhala incoko phakathi kwabafundi ababini malunga nendlela yokuziphatha komfundi esikolweni ukuze angaphazamisi ilungelo labanye lokufunda.

- Amagama aba babini baqhuba le ncoko.
- Kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Kusetyenziswa irejista efanelekileyo.
- Unokubhala ngeemeko apho abanye abafundi banyhasha ilungelo lokufunda labanye abafundi enika nemizekelo.
- Unokuchaza ngenguqu efanele ukwenziwa ukulungisa le meko.
- Makabenze babe nezimvo ezomeleleyo macala omabini.

[30]**2.4 INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini malunga nokubaluleka kokwenza imithambo ukuze uhlale usempilweni.

- Isihloko esitsala umdla.
- Imihlathi ibe nentshayeleyo, isiqu nesiphelo.
- Umbhali makakhankanywe.
- Izinto eziza kwenzeka ngeli xesha uziqhelisa ngokwenza imithambo.
- Indlela omawuziphathe ngayo.
- Iziphumo zokwenza imithambo empilweni.


[30]**AMANQAKU ECANDELO B:****30****ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE****UMBUZO 3**

Bhala umhlathana omfutshane ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60 – 80. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 IKHADI LESIMEMO

Bhala ikhadi lesimemo umeme umzala wakho ukuba abekho kwitheko lokuvuyisana nokuphumelela kwesikolo sakho kukhuphiswano lomculo.

- Makasebenzise irejista echanekileyo.
- Makaxele injongo yesimemo.
- Makabhale ixesha, indawo nomhla.
- Angabhala ibinzana eliza kutsala umdla walo mntu uza kulifunda ikhadi lesimemo.

[20]

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

Hm

20

3.2 IPOSIKHADI

Thumela umhlobo wakho iposikhadi umxelela ngendlela oziva ngayo kwisikolo ofunda kuso ibanga le-12.

- Idilesi yombhalelwa.
- Ulwimi olungekho sikweni.
- Makaxele indlela azive ngayo xa efika.
- Makanike amazwi enkuthazo kumhlobo wakhe.

[20]

3.3 ISALATHISO


Umhlobo wakho useCrowthorne, malathise indlela eya eRandburg ehamba ngendlela engu-M71.

- Nika imiyalelo ecacileyo, kuhlobo lokuyalela, ibe kwimo evumayo ikakhulu.
- Unokwalathisa ukusuka eCrowthorne ngokuthi:
 - Hamba ngendlela u-M71, ugqithe iBeaulieu ngasekunene, ekhohlo udlule iRacing Circuit. Ujike idololo/igophe wehle.
 - Yehla ngendlela u-M71, ekunene yindlela eya eLonehill, yidlule.
 - Qhubeka uhle, ugqithe ekhohlo iPaulshof.
 - Emva kokuba udlule indlela eya ePaulshof uza kufika kukho indlela enqamlezileyo ekunene kukho iMonte Casino, gqitha kwakhona uqhubeleke ngo-M71.
 - Hamba ngaphantsi kwendlela u-N1, hamba nje kancinci uza kufika kukho enye indlela enqamlezileyo, uhamba ngqo.
 - Usaqhubeleka njalo uza kufika eBryanston uziyeke ezinye iindlela ezijikajikayo.
 - Qhubeka uhamba ngqo ngoM-71, uza kufika kwakhona kwezinye iindlela ezinqamlezileyo, hamba ungajiki.
 - Usehla unjalo uza kubona enye indlela engena ngasekunene, yidlule.
 - Usahamba njalo ufika kwindlela enqamlezileyo jika, ekunene uye ngqo eRandburg.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100



ICANDELO A: IRUBHRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO (50)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80 – 100%	Mfaneleko Khowudi 6 70 – 79%	Enomthamo Khowudi 5 60 – 69%	Anele Khowudi 4 50 – 59%	Phakathi Khowudi 3 40 – 49%	Buthathaka Khowudi 2 30 – 39%	Bubhetyebhetye Khowudi 1 0 – 29%
AMANQAKU UYILO UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO (32 AMANQAKU)	Umxholo nocwangciso lokuceba ukuvelisa isincoko esingenamakhwiniba nesigqibeleleyo. Ubonakalisa inqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, ingcamango zivuthiwe, zixhokoxa iingcinga.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolika kwesihloko. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla, iingcamango zihlakaniphile zinomdla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbada.	Umxholo ubonakalisa isincoko esanelisayo, ingcamango ziqhelekile ziyasilela ngobunzulu. Isicwangciso, izimvo ziyanelisa.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Isiquatho siqhelekile sinezikhevu kunamathelwano, ingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima. Isicwangciso sintama ukungabekelwa kakuhle. iingcamango zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	Umxholo, uthungelwano zimvo kulenxile, isincoko asikho mxholweni kwaye akukho namathelwano, ingcamango, uphindaphindo nokunwenwela kude kwisihloko.
ULWIMI, ISIMBO NOKUHELELA (12 AMANQAKU)	10 – 12 Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Itekisi ayinazimposiso konke kuba kwenziwa uvavanyo- fundo nohlelo.	8½ – 9½ Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetenziswe ngokuchanekileyo. Itekisi engenama- khwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo fundo nohlelo.	7½ – 8 Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	6 – 7 Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana neemifuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zifula, uchongo lwamagama lwanele.	5 – 5½ Isimbo, imvakalozwi nerejista zibusilela kunamathelwano Upelo, uqhawulo- magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetenziswe ngokuchanekanga. Uchongo magama luphakathi. Itekisi imeziphoso ezininzi kuba kwenziwe uvavanyo- fundo nohlelo.	4 – 4½ Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo- magama, iziphumlisi nolwimi zisetenziswe tenxileyo, uchongo magama luyahexa. Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo- fundo nohlelo.	0 – 3½ Isimbo, imvakalozwi nerejista zibhetyebhetye kuzo zonke iinkato. Upelo, uqhawulo- magama, iziphumlisi nolwimi zisetenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu. Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo- fundo nohlelo.
ISAKHIWO: IMIHLATHI/ ZIVAKALISI/ ZIMVO NOBUDE (6 AMANQAKU)	5 – 6 Ubuchule nesakhono sokwakhivo kwezivakalisi zinamathelene.	5 Izivakalisi nemihlathi zinongqimelwano kwaye zahlukekathekene.	4 Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	3 – 4 Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa isincoko sona sinembadla.	3 Izivakalisi nemihlathi zineemposiso, kodwa ingcamango ziyalandeleka.	2 Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	0 – 2 Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu- bhutyu kwaye azingqinelani.

PUBLIC EXAMINATIONS
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha


Tyhila iphepha

Am

pp

IZINCOKO ZIYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A: Umongo noyilo	32
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	12
C: Isakhiwo	6
AMANQAKU EWONKE	50



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

Am

AB


ICANDELO B: IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (30)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80 – 100%	Mfaneleko Khowudi 6 70 – 79%	Enomthamo Khowudi 5 60 – 69%	Anele Khowudi 4 50 – 59%	Phakathi Khowudi 3 40 – 49%	Buthathaka Khowudi 2 30 – 39%	Bubhetyebhetye Khowudi 1 0 – 29%
AMANQAKU UMONGO, UYILO NEFOMATHI (20 AMANQAKU)	Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima. Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu. Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala.
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (10 AMANQAKU)	8 – 10 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kugqwesile.	7 – 8 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	6 – 7 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kukwizinga eliphakathi.	5 – 6 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lweziva- kalisi, imihlathi, izimvo nobude uyanela.	4 – 5 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizamekile ukuphuhla.	3 – 4 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga ncam.	0 – 2 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela.

IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
A: Umongo, uyilo nefomathi	20	=
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	10	=
AMANQAKU EWONKE	30	

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha




Am

AP

ICANDELO C: IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (20)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80 – 100%	Mfaneleko Khowudi 6 70 – 79%	Enomthamo Khowudi 5 60 – 69%	Anele Khowudi 4 50 – 59%	Phakathi Khowudi 3 40 – 49%	Buthathaka Khowudi 2 30 – 39%	Bubhetyebhetye Khowudi 1 0 – 29%
AMANQAKU	10 – 13	9 – 10	8 – 9	7 – 8	5 – 6	4 – 5	0 – 3
UMONGO, UYILO NEFOMATHI (13 AMANQAKU)	Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngeshihoko.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kweshihoko. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lweshihoko, izimvo zibhadlile; Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima, Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala.
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (7 AMANQAKU)	6 – 7	4 – 5	4	3 – 4	3	2	0 – 2
	Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kugqwesile.	Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude eliphakathi.	Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuyanelisa.	Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizamekile ukuphuhla.	Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga ncam.	Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzizima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela.



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha


Tyhila iphepha

Am

pp

IMIHLATHI EMIFUTSHANE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
A: Umongo, uyilo nefomathi	13	Mong. =
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	7	Lwim, Simb noHlel =
AMANQAKU EWONKE	20	



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Mm

PP